

# UKristu Utyhilwe ELizwini ElilelaKhe

 Masithobe iintloko zethu. Nkosi,, Yesu, uMalusi omkhulu woMhlambi, sinobutyla ngenene kuWe, Nkosi, ngokuba singenakuze siKuhlawule ngothando othe Waluthululela ngaphakathi ezintliziyweni zethu. Siziva singafanelekanga kakhulu njengokuba sithoba iintloko simi phambi kwaKho siyacela ukuba Usicoce kuzo zonke iziphoso naso sonke isono. Sithandazela ukuba Womeleze imizimba yethu namhlanje. Baninzi abagulayo nabaxhwalekileyo, njengokuba kubonakala apha, ngeetshefu nezicelo ezingenayo emnxebeni nakuyo yonke indawo.

<sup>2</sup> Kwaye siyakholwa ukuba sigqibezela imbali yeli hlabathi ngoku, kwaye kwamsinya ixesha liyakunyamalala lingene kwiNaphakade, kwaye sifuna ukuba sibe silungele loo yure. Kwaye kungoko sihlanganisene apha ngale ntsasa, kukuze silungiselele elo xesha. Ndixeelwe ukuba baninzi abanxibelelene nathi ngomnxeba ngale ntsasa kuso sonke esi sizwe, ukusuka kunxweme ukuya kunxweme. Naphi na apho amazwi ethu afika khona, langa elo qela lincinane lingasikeleleka. Philisa abo bagulayo, kwaye ndiyathandaza ukuba Ucoce imiphefumlo yabo kuko konke ukungcola. Kwaye sincede apha kusasanje, emnqubeni, ukuze sibe nokulixhamla elo lungelo likhulu.

<sup>3</sup> Kwaye sicela ukuba Uthethe nathi namhlanje ngeLizwi laKho elibhaliwego, kwaye wanga uMoya angasityhilela izinto esizisweleyo, njengokuba sihlanganisene kwesi sizwe siphela ngoku, sisiva ukuba singabantu abancinane, kodwa sinendawo phakathi kwabahlanguliwego, ngokuba sikholiwe kuYesu Kristu. Siphe ezi zinto, Nkosi.

<sup>4</sup> Kwaye xa sivala le nkondo simelwe kukuya kumakhaya ethu ahlukileyo kwesi sizwe, singa ngathi, njengabo babevela e-Emawusi, “Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu ekuthetheni kwaKhe nathi endleleni?”

<sup>5</sup> Ngoku, Bawo, ndiyazi ukuba nantoni na endinokuyithetha ibiyakuba yenganelanga ngokuqinisekileyo, ku-kuMakristu alungileyo akwesi sizwe siphela ngoku aphulaphuleyo, ibingayi kuba—ibingayi kuba yefanelekileyo. Ibiyakuba yinto ethile endinokuyithetha engenakunceda nto, ngokuba sisonke sikwiqela elinye. Singabantu, ababhubhayo. Kodwa makathi uMoya oyiNgcwele omkhulu athethe; Wanga Angabamba iLizwi aZityhile nje. Silindele kuYe ngoku, eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

<sup>6</sup> Ndibu...mangaliswa okwam. Ndixelele inkosikazi Yam, ukuba kwenzekile ukuba iphulaphule, ezantsi eTuscon, ukuba bendingacingi ukuba ndiyakuba nankonzo xa ndibuya; kwaye andikhange ndize nazo neempahla. Ndaze ndathi kumolokazana wam, nguye obesolula ibhatyi Yam, ndaze ndathi, "Ndiyakuhlala emva kwepulpiti, ndine...Abazazi iibhulukhwe ukuba ilolunye uhlobo nebhatyi ibe ilolunye." Zezi bendizinxibe ekhaya. Kodwa, uMeda, ubeyolule ihempe Yam nayo yonke into, ngoko yonke...Ungakhathazeki; yonke into ilungile.

<sup>7</sup> Ngoku, sinesicelo apha, sokuba kukho umzalwana oyintanda...Kwaye ndicinga ukuba—ukuba iPreston, ndiyakholwa, inxibevelene ngale ntsasa, phezulu e—ePreston, e-Arizona. Utata kaDade uMercier ube sendleleni yakhe ezapha enkonzweni, ndiyaqonda, kwaze kwanyanzeleka ukuba athathwe asiwe esibhedlele ehlaselwa yintliyi, uMzalwana u-Coggins. Kwaye, kananjalo, uMzalwana uJunior Jackson, ndicinga ukuba upholaphule kunomathotholo olandelayo phaya ezantsi, okanye kumnxeba olandelayo ezantsi eClarksville okanye eNew Albany, kwaye utata wakhe usesibhedlele, ndiyaqonda, enoqhaqho olubuthathaka lomhlaza esibindini. Ngoko sifuna ngokuinisekileyo ukubakhumbula kwimithandazo yethu. Ke ngoku kukho nabanye apha, kananjalo, kodwa asifuni kuthabatha lonke ixesha. UThixo uyazi ngabo bonke, ngoko masibathandazele ngoku.

<sup>8</sup> Thixo Othandekayo, njengalowo uthandekayo, mdala, indoda eshwabene izandla, uMzalwana u-Coggins, umakhwekhwethe omdala wasentsimini, otte...elele esibhedlele kusasanje, kwindawo ethile, ehlutshwa kukuhselwa yintliyi yakhe. Thixo, loo ntliziyo ilusizi indala ihlangene neenkathazo ezininzi. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba umncede. Siphe oko. Uyathanda...Uyabuthanda ubomi njengokuba nathi sonke sibuthanda, kwaye ufuna ukuphila. Nkosi Thixo, mphe kona. Thina kwisizwe sonke siyamthandazela eGameni likaYesu, ukuba Umphilise umkhuphe. Siyakholwa ukuba Uyakwenza njalo; uyakuthi eze apha enkonzweni.

<sup>9</sup> Sithandazela uMzalwana uJackson, utata wakhe othandekayo elele apho ekufuphi ekufeni ngoku, kwaye wezisa ehlabathini umfana olungileyo onjengoJunior. Ndi—ndi—ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba Umphilise. Ndiyazi ukuba kubonakala kungenakwenzeka. Ezamachiza, oogqirha, a—abayazi into abanoyenza kolo hlobo lwemeko. Kodwa siyakhumbula uMzalwana uHall, naye, xa abona bangcono oogqirha balapha bathi, e-Louisville, bathi, "Uneeyure nje ezimbalwa anokuziphila," enomhlaza esibindini. Kwaye uyaphila namhlanje, kwaye ngoko kwakukwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu eyadluwayo, ngenxa

yobabalo lwaKho. Ngoko ndiyathandaza ukuba Uphilise uMzalwana Jackson namhlanje, Nkosi, maluthi ubabalo lwaKho nenceba yakho ibe naye.

<sup>10</sup> Kwaye yonke le mfumba inkulu yeetshefu neziziba nezinye izinto ibekwe apha ngokwesicelo; Uyabazi bebonke, Bawo. Ndiyathandaza ukuba Usiphe impilo yabo bonke. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>11</sup> Ngoku ukuqalisa, ngale ntsasa, bendingacingi ukuba ndizakuhla ndize, indawo yokuqala, kwiCawe ephelileyo. Kwaze ngoko kwakhona, xa besiyazisa loo nto, ndehla. UMzalwana uNeville wandicela ukuba ndithethet! Saze ngoko savakalisa ukuba kuyakuba lapha ezantsi namhlanje, kwaye oko akwaziswanga phandle jikelele apha eLizweni ebantwini. Kwaye sinenkubo yomnxeba ngoku, eyona ilunge, kakhulu kakhulu. Abantu bangahlala nje kumakhaya abo okanye kwezabo...bahlanganisane kwiindawo zabo, iinkonzo zabo, njalo njalo, baze bayive inkonzo. Ndinombulelo ngaloo nto.

<sup>12</sup> Ngoku ndibona kulele apha, kubekho izicelo ezininzi kule veki iphelileyo, kwinto ebendiyithethet kwiCawe ephelileyo eMyalezweni. Ndiyakholwa ukuba ndilibele ukuba ndawunika isihloko esithini na ngoku. Kodwa ndathetha into emalunga nokuhlawula amatyala akho. Kwaye uyazi, akunamsebenzi nokuba uthini na, ayiqondwanga kakuhle ngabaninzi. Hayi kuba bona...bona abafuni kungayiqondi, kodwa usuka nje ngokulula ungayiqondi.

Ke ngoku omnye uthe, “Simelwe kukuyithenga imoto?” Okanye, “Ndingathini mna...”

Ngoku, asikoko awayethetha ngako uYesu, okanye iBhayibile apho, xa isithi, “Musani ukuba natyala lanto mntwini.” Oko kukubambezela amatyala onako ukuwahlawula. Wahlawule. Ayithethi...Nako ukungabi natyala lanto mntwini. Ayithethi kuthi...Bethu, sinamatyala erente, ityala lethu lomnxeba, thina...nayo yonke enye into. Si—sinamatyala ngezo zinto, kwaye siyawahlawula. Kodwa, ityala elidala elijingayo obunako ukulihlawula, lihlawule liphele. ‘Yabona? Ngoku, musa ukuhamba nayo nayiphi na into ijinga kuwe ngolo hlolo.

<sup>13</sup> Ndikhumbula ngexesha endandigula, ngathuba lithile xa ndandiseyinkwenkwe. Ndaphuma esibhedlele ndinetyala elimalunga namawaka amabini eedollar. Kwaye kwakukade kukho ivenkile yamachiza apha, uMnu. Swaniger, ndandimtyala malunga namakhulu amathathu okanye amane edollar, ityala lamayeza. Wayengandazi nokundazi. Kwaye loo ndoda...Ndaya kuyo. Kwaye yalithumela nje phaya phezulu, nakanjani na, ayizange yale ukulithumela. Ndaze ndathi, “Ndinetyala kuwe.” Ndaze ndathi...Ndiyakholwa, Swaniger...yayinguMnu. Mason phaya ezantsi kwiSitalato esifutshane iCourt neSpring.

Ndaze ndathi, "Ndinetyala kuwe. Kwaye ndi—ndisebuthathaka kakhulu nje, kodwa ndiyazama ukuya emsebenzini. Ngoku, ukuba andikwazi kukuhlawula..." Ndandisandula ukuba nguMkristu. Ndathi, "Into yokuqala, Mnu. Mason, njengoxanduva lwam kuThixo, ndiMtyala izishumi zam. Ndifuna ukuhlawula Yena izishumi zam, kuqala." Ndaze ndathi, "Ngoko uxanduva lwam olulandelayo kukuhlawula amatyala am." Ndathi, "Utata wam ugula kakhulu, kwaye u...Kwaye sasine...Sibalishumi sisonke abantwana kusapho lwakuthi." Kodwa ndathi, "Ndiya... Ukuba andikwazanga ukukuhlawula ngaphezu kwamashumi amabini anesihlanu eesente kwelo tyala, suku ngalunye lokufumana umvuzo; ukuba andinakukuhlawula namashumi amabini anesihlanu eesenti, ndizakudlula ngapha ndikuxelele ngaloo nto. Ndiyakukuxelela, 'A—a—andikwazi kuyenza ngeli thuba.'" Ngoku, ngoncedo lukaThixo, ndahlawula lonke isunswana lalo. 'Yabona? Kodwa nantso into endithetha yona, 'yabona? Musa nje umntu othile uthi... .

<sup>14</sup> Owu, uMkristu othile apha enkonzweni ngaxesha lithile wehla wafumana umsebenzi kwimoto ethile apha, yaze loo ndoda yehla...Loo ndoda yathi, "Ndiyakukuhlawula. Ndifumana umvuzo wam ngoMgqibelo," okanye into ethile eyenye. Kwaye akazange ayihlawule. Zaze iiveki neeveki zedlula, akaze ayihlawule, akathetha neLizwi. Yaze—yaze eloo ndoda yeza yandicela, yathi...'Yabona, oko kubeka ibala enkonzweni. Kubeka ibala kuKristu.

Xa ungenako ukuyihlawula, yiya kuyixeleta, uthi, "Ndiyakutyalu, kwaye ndizakukuhlawula. NdinguMkristu, kodwa a—anje...Andinakuyenza kwangoku loo nto, ndinee... Ndiyala oku." Kwaye, khumbula, kukwiincwadi zikaThixo kananjalo, uyazi ukuba wenze loo nto. Ngoko oko... .

Ndizama ukwenza njalo, ndisenzela isiqu sam nathi sisonke sihlangene, ndizama ukuba sibe silungile, kuba siyazi ukuba sisondela kwinto ethile, sisondele kakhulu kwinto ethile ezakwenzeka. Ngoko sifuna ukuba sibe silungile. Xa uKuza kweNkosi kusondela kangaka ngoku, sifuna ukuba sibe silungele loo yure inkulu.

<sup>15</sup> Ngoku sifuna ukuhlala silungile sithethe ngoku ngengongoma encinane apha endiyikhethethi le ntsasa, ngoncedo lweNkosi. Kwaye sizakuthetha nje ngokufutshane kangangoko sinokuba nako, ngenxa yabantu abanxibebole nathi. Ndiyathemba ukuba bonke bane...konke kwesi sizwe jikelele, bafumana intsasa emnandi njengokuba sinayo apha e-Indiana. Kumnandi, kupholile, imozulu intle esinayo ngoku ukusukela ekubeni ibiyimvula. Kwaye yemnandi kakhulu.

<sup>16</sup> Ngoku ndifuna ukufunda kwiNcwadi yamaHebhore isahluko so-1; nakwiNcwadi kaYohane oNgcwele, isahluko so-

1. AmaHebhore 1:1 ukuya 3, nakuYohane oNgcwele 1:1, ukwenza itekisi. Ingongoma yam kusasanje kukufundisisa eZibhalweni. Ngoku masifunde amaHebhore 1:1.

*UThixo, wayethethile nje kudala nge...ngeendawo ezininzi nangeendlela ezininzi koobawo ngabo abaprofeti,*

*Uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana, awammisayo wayindlalifa yento zonke, awathi kwakangaye wayenza indalo yonke; Othe elubengezelo lobuqaqwuli bakhe, no...nombhalo wenkqu yakhe, ezithwele nokuzithwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akhe, wesuka akuba eyenzile ngokwakhe intlambululo yokusihlambulula ezonweni, wahlala phantsi ngasekunene koBukhulu enyangweni;*

Sisisfundu esihle kanjani esi! Ngoku uYohane oNgcwele 1:1

*Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.*

<sup>17</sup> Ngoku, kwaye ingongoma yam kusasanje yethi: *UKristu Utyhilwe KwiLizwi ElilelaKhe*. Ngoku, xa bendifikelela kwisigqibo sokuthetha ngale nto, bekungenxa yaloo nto... Ndisazi ukuba oko sikuthethayo akufunekanga nje sikuthetha ngenxa yokuba sihlangene sonke ukwenzela ukwaphukaneka sitetheth nantoni na, kodwa kuyinto eyakuthi incede ukuqinisa abantu, ngokuba sizakudlula kwayingozi, amanzi oyikekayo. Sele sidada siphumela kuwo ngoku. Kwaye ngamanye amaxesha ndiyaqikelela kuni kuba njengokuba kunjalo kum, kukhangaleka kulolo hlobo, maninzi kakhulu, yinto eyoyikisa kakhulu.

<sup>18</sup> Bendithetha nje nomlungiseleli oselula nenkosikazi yakhe, phaya egumbini, kwimizuzu nje embalwa edlulileyo. Kwaye bobabini baphatshuphatshu nje njengokuba linjalo ihlabathi liphela, lunjalo lulonke uluntu oluphezu komhlaba. Ndathi, "Khumbulani, uSathana unesithonga asizisa kuni." Akakhathali nokuba ningobani na, uThixo...Unelungelo leso sithonga sinye. Yintoni eniyikhethayo, seso sithonga; ukuba yimfama, okanye ukuba ngumntu oqaqanjelwa ngamalungu amathambo uhleli esitulweni okanye ukuba phatshuphatshu? 'Yabona? Unendawo ethile apho amelwe kukubetha khona. Unelungelo kuloo ndawo ivulekileyo. Ngoku nantso indawo ekufanele uhlale uyivalile lonke ixesha. Kwaye ukubona nje esi sigaba sokuhlupheka engqondweni siphila kuso!

<sup>19</sup> Kwaye kumakhasethi eveki ephelileyo, ndiyacinga, siyakutyhila kuni eyonanto inkulu yoyikekayo esiyakuthi sitetheth ngayo ngolunye lwezi ntsuku sakufika kwindawo

eyaneleyo, yokuvulwa kwezo zibetho zokugqibela ziyanuphalazwa phezu kwehlabathi, ezo Ngqayi, gxebe, ukuphalazwa kweeNgqayi, neeNdudumo eziSixhenxe, naloo mibono yoyikekayo izayo phezu komhlaba. Amadoda ngoku, nabantu namhlanje, bakwenjani imeko yokuphazamiseka engqondweni; kwihlabathi liphela!

<sup>20</sup> Nikhe nayifunda le nto kweyenyanga ephelileyo *iReader's Digest*, niyiqapheli laa ngongoma phaya; ingoBilly Graham, umvangeli omkhulu. Utthe wadinwa kakhulu akakwazi nokuqhube iinkonzo zakhe, waze wa—waya kwiklinikhya kwaMayo ukuya kuxilongwa enyameni. Akwabikhonto ingundonakele kuye, nje ebengakwazi kusebenza ngokwaneleyo. Baze bamfaka ekubalekeni; ukuthamba ngokwasemzimbeni. Ubaleka imayile yonke imihla.

Waze loo mhlathi waqhubela ekuthini inzululwazi ikuqondakalisile oko namhlanje, ukuba abantwana abaselula, la makhwenkwe mancinane namantombazana, “afikelela kubudala bawo obuphakathi xa enamashumi amabini eminyaka ubudala.” Ukuze kuthi kumashumi amabini anesihlanu, ngamaxhesha amaninzi, kwiziganeko ezininzi, amantombazana abe sephezile ukuya exesheni, kumashumi amabini anesihlanu ubudala.

Andazi ukuba niyayazi na loo nto okanye hayi, kodwa kubusuku obumbalwa obudlulileyo ngethuba uMoya oyiNgcwele ebethetha apha enkonzweni, intombazana encinane ebihleli apha phantsi, yiloo nto kanye ebiyingxaki yaloo mntwana yakubizwa. Ndajonga kuye okwesibini, ndaphinda ndajonga, ndaze ndabona ukuba yintoni na inkathazo. Ndacinga, “Ayinakubanjalo; laa mntwana uselula kakhulu.” Kodwa ibikukuyeka ukuya exesheni, malunga namashumi eminyaka ubudala, amashumi amabini anesithathu, into elolo hlobo. ‘Yabona?

<sup>21</sup> Umama wam nomama wakho bafikelela kobo budala malunga namashumi amane anesihlanu ukuya kumashumi amahlanu. Inkosikazi yam yafikelela kobo budala malunga namashumi amathathu anesihlanu. Ngoku kuhlele kumashumi amabini. Lulonke uhlanga loluntu lubolile. Ke, ukuba oko sikuko ngokwenyama kwimizimba yethu kukukrazuka kusihla ngolo hlobo ngenxa yokudla ukudla okungumxube, uxinzelo, olukubolisileyo, ingaba loo nto ayibolisi nemithambo yengqondo? Ngoko singabona ukuba kutheni na abafazi benokuphuma esitratweni nje, beze. Singabona ukuba kwenze kanjani na ukuba baqhube ngesantya e—ezitratweni ngekhulu elinamashumi amabini eemayile ngeyure, nazo zonke ezi zinto. Kufikelele kwindawo apho isizwe siphela, ihlabathi liphela, ingesiso esi sizwe sodwa, kodwa kuyo yonke indawo, baphelile ngokwasengqondweni.

<sup>22</sup> Ukuze ngoko xa sivula loo nto, iNkosi ithandile, ezo Ngqayi ziSixhenxe zibonise ezo zinto zoyikekayo. Abantu bayakuba bephambene kangako, emva komzuzwana, kangangokuba bayakuqikelela ngathi babona iimbovane ezingangentaba ubukhulu. Iyakuba ngabafazi abangcungcuthekisayo; ibe ziinkumbi eziza phezu komhlaba ukuza kungcungcuthekisa abafazi abazichebayo iinwele zabo; iinwele ezinjengézabafazi, zijingela phantsi; namazinyo amade, njengengonyama; ulwamvila emsileni wabo, njengoonomadudwane, ne—nezinto ezinjalo, ukuza kuthuthumbisa abantu phezu komhlaba. Kodwa ngoko liyakube sele liphele kakhulu ixesha lokuba kungenziwa nantoni na ngaloo nto. Lingakhona ngoku. Ukukungcungcuthekiswa!

<sup>23</sup> Kwaye kwiCawe ephelileyo xa besizakungena oko kujikeleza, malunga nokuba kukho izimvo ezintlanu zale ndawo iyeyangaphandle. Leyo yindawo yokungena, izimvo ezintlanu zomzimba. Inye kuphela indlela onokungena emzimbeni, kungezo zimvo zintlanu: ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, nokuva. Akukho ndlela yimbi yakuuhlangana no—nomzimba.

<sup>24</sup> Ngaphakathi kwaloo mntu kukho umntu obizwa ngokuba ngumoya, naye unezimvo ezintlanu: ukucinga, iingcinga... nokucinga, nothando, nesazela, nokunjalo. Kulungile.

<sup>25</sup> Ngoku, awunakho ukucinga ngomzimba wakho. Ucinga ngengqondo yakho. Kwaye apho ngaphakathi kulapho abaninzi, baMakristu, bema khona kuphela. Kwaye banganakho, kanye njengokhoso entsimini nokhula entsimini, bangathanjiswa kwa nguMoya oyiNgcwele omnye elithi ikholwa lenene lithanjiswe nguwo.

Kodwa ezantsi ngaphakathi kwaloo nto, kwimo elandelayo, imo yesithathu, ngumphefumlo, kwaye wona wamiselwa ngenxa engaphambilu nguThixo. Nako apho eyenene imbewu yobomi ikhoyo, kungaphakathi apho.

<sup>26</sup> Kwaye, khumbula, ukuba ndingathabatha ukhula ndiluvule, ndize ndimilisele entliziyweni yayo o—okuphuma kwingqolowa ndikufake ngaphakathi apho, ndikungewabe, kungavelisa ingqolowa kakhulu olo; akunamsebenzi nokuba yintoni na engaphandle kulo, nokuba iyintoni na imihlali.

<sup>27</sup> Namhlanje, kudidekwé kakhu lu malunga nobungqina bukaMoya oyiNgcwele, nezinto ezinjalo. USathana angalinganisa naluphina uhlobo lwesipho uThixo anaso, kodwa akanako ukuzisa ela Lizwi, iLizwi neLizwi. Nako apho wasilela khona emyezwensi wase-Eden nako apho ahlala esilela khona. Nako apho bona, ikhasethi elinga “bathanjiswa, abathanjiswa ababuxoki,” okanye abathanjiswa; bangathanjiswa ngoMoya, batethe ngeelwimi, baxhentse, bakhwaze, bashumayele iVangeli, babe besenguMtyholi.

Ngumphakathi! Ngoku khumbula, uYesu wathi, “Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM. Akukho mntu unokuza engathanga uBawo waM amtsale kuqala.”

Ngoku, sisithathe sasigqiba isifundo, ukubonisa ukuba ngaphakathi... Wawukutatomkhulu omkhulu-omkhulu-omkhulu, konke ukuya emva xa sithetha ngokwenyama. Ngoko, yiloo nto oyiyo ekuben iinyama, imvelo. Ngamanye amaxesha umntwana uyakuzalwa kusapho oluthile, enentloko ebomvu. Iyammangalisa uyise, kuba akukho mntu amaziyo, kabantu bakowabo, onentloko ebomyu, okanye kwabakulonina. Kodwa ukuba uyakubuyela emva kakhulu kwizizukulwana eziliqela, uyakufumanisa ukuba kwakukho umntu othile owayeneentloko ebomvu. Laa mbewu iqhubela phambili isiza isihla, kwaye uphuma kuloo mvelo yalowo wakudala.

Njengokuba amaHebhore isahluko se-7 atshoyo, ukuthi, “uMelkitsede, u-Abraham wahlawula izishumi kuYe xa wayebuya ekubulalen ookumkani. Kwaye uLevi, owayesamkela izishumi, wahlawula izishumi,” kuba wayesesingeni sikaMelkitsedeke e...okanye, “esinqeni sika-Abraham,” gxebe, xa wayehlangabeza uMelkitsedeke.

<sup>28</sup> Ngoku yinto enye le. Ukuba ungunyana kaThixo, ukuba ndingunyana kaThixo, okanye intombi kaThixo, sasikuThixo ekuqalekeni. Kwaye xa uYesu waba yinzaliseko yeLizwi, ngoko sasikuYe, sikhimo yembewu yobomi. Ekubethelelwani kwaKhe, sabethelelwani emzimbeni waKhe. Ekuvukeni kwakhe kwabafleyo, savuka kunye naYe. Ke ngoku, ukusukela ekuben siyiqondile loo nto, “ngoku sihleli kunye naYe, kwindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu.” ’Yabona? Kuba Yena... Thina, ukuba singoonyana neentombi zikaThixo, singabantwana bakaThixo, ngoko sizizibonakaliso zikaThixo. Ngoko thina si... SinoBomi obunguNaphakade. Kwaye uThixo nguye kuphela uBomi obunguNaphakade obukhoyo. Ngoko, sasikuYe ukusukela ekuqalekeni. Kwaye xa uYesu waba lilo lonke iLizwi, ngoko sasiyinxenyenya yaKhe ngoko. Amen! Nantso ke. Xa oko kulapho ngaphakathi, akukho mtyholi, akukho magunya, akukho nantoni na enokuze ikususe. Nantso indawo yokubambelela yomphefumlo.

<sup>29</sup> Ungathanjiswa *apha* ngaphandle, emoyeni, nomnqweno, uzenze zonke ezinye ezi izinto. Kodwa kwakufika kulendawo yokubambelela kwela Lizwi, awunakuze ushukunyiswe ususwe apho. Uyakubambelela ngokuthe nkqi nangenyani, kwela Lizwi, kangangoko unokuba nako. Ngaphandle kwalo nto, ngaphandle kwayo nantoni na oyenzayo, usalahlekile.

<sup>30</sup> Esa Sigaba laseLawodike, “sihamba ze, siyimfama, siludwayinge; singayazi nokuyazi loo nto.” ’Yabona, kuphandle... Yiloo ntambiso, ukuthanjiswa ngoMoya wenene. ’Yabona, laa Moya uyiNgcwele ungawa phezu komntu,

emoyeni wakhe. Kodwa umphefumlo wakhe nguwo imbewu yobomi; laa mbewu iliLizwi. 'Yabona? Kwaye indlela... Andikhathali nokuba ukwazi kangakanani na ukushumayela, ukwazi kakuhle kangakanani na ukwenza *oku*, nokuba uthanda kangakanani na; elo lelinye lamajelo angenayo aya emoyeni. Awunako ukuthanda ngomzimba wakho; uthanda ngomoya wakho. Elo lelinye lamajelo okungena. Kwaye ungathanda, ude uthande noThixo, ube nangoko ungalunganga. Ungazikhupha iidemoni, ushumayele, uzenze ezi zinto; ube ungalunganga noko. UYesu watsho, wathi baninzi abayakuza ngaloo mini. Elo Lizwi liyayiphelelisa!

*Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.*

*ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu,...*

<sup>31</sup> Qaphela, ndizakuthetha ngale ngongoma yeBhayibhile, ka, *Kristu Etyhilwe kwiLizwi ElilelaKhe*. Apho ndisikhuphe khona esi sigqibo, bekusegumbini lam.

Umuntu othile othandekayo, mhlawumbi uhleli apha ngale ntsasa... Ndinawo umfanekiso ujinga kwigumbi lam lokufundela apha phezulu, lowo ngumfanekiso weNtloko kaKristu, kaHofmann, ubhalwe kwiMithetho yabanoyolo [Beatitudes—Mguq]. Kwaye kuloo ndawo kanye uthé wafikelela ekubeni ube uswele okuthile kweenwele, bacinezela kakhulwana kwisiba njengokuba udlula kuloo ndawo. Ngoko, nguYe lowo, ehleli kwiLizwi laKhe, ekhangale phandle kanye; uKristu ekwiMithetho yabanoyolo. Umuntu othile, nokuba yayingubani na, ndiyakubulela ngaloo nto.

Kwaye umntu othile wezisa umfanekiso wawubeka kwigumbi lam lokufundela phaya, ka-Eliya enyuka ekwinqwelo yomlilo. Siyazithakazelela ezi zinto. Ngamaxesha amaninzi, izihlweli ezikhulu, andibi nalo nethuba lokuthetha ndizithethe ezi zinto, kodwa ndiyayibona, mzalwana, dade. Ndi—ndiyayazi, kwaye uThixo uyayazi.

<sup>32</sup> Ngoku ndizakuthetha ngale ngongoma ka: *Kristu Etyhilwe KwiLizwi ElilelaKhe*. Indlela, kuludwe lweNtshumayelo yasentaben, kukho umfanekiso kaKristu, omi apho kanye, ngolo hlobo. Nako apho ndiye ndacinga khona ngale ngongoma. Ngoku, uKristu neLizwi mnye. 'Yabona?

<sup>33</sup> Bathi, "Kwakutheni ukuze iBhayibhile...?" Abantu batsho. Bendikhwele nendoda kungekudala kwithuba elidlulileyo. Yathi, "Yicinge. Thina apha phambi kwalo mhlaba, indlela esiyiyo, kwaye sazi nje kuphela okanye ndinokuthi sisindiswa ngentsomi ethile yamaJuda ebizwa ngokuba yiBhayibhile."

<sup>34</sup> Ndathi, “Mhlekazi, andazi ukuba uyithetha njani na loonto, kodwa andikholelwa ekubeni iyintsomi yamaJuda,” ndatsho.

Yathi, “Ke, uyathandaza, uthandaza entwenini ndacela *okuthile thile* nezinto ezithile; andakufumana.”

<sup>35</sup> Ndathi, “Uthandaza ngendlela engeyiyo. Asimelwe kukuthandazelwa ukuguqula ingqondo kaThixo; simelwe kukuthandazelwa ukuguqula ingqondo yethu. Ingqondo kaThixo ayiswele kuguqulwa. ‘Yabona? ‘Yabona, ilungile.’” Ndathi, “Asiyiloo nto wayithandazelayo....”

Ndazi inkwenkwe eselula yomKatolika, ngaxesha lithile, eyayinencwadi yomthandazo, icengceleza imithandazo, nokwenzela ukuba umama wayo aphile. Waze yena wafa yaphosa incwadi yomthandazo emlilweni. Ke, ‘yabona, andiyithandi incwadi yomthandazo; kodwa, nakanjani na, ‘yabona, nithabatha intsingiselo engeyiyo. Nizama ukuxelela uThixo into amakayenze.

Umthandazo umelwe kukuba ibe kukuthi, “Nkosi, ndiguqule ukuze ndilingane iLizwi laKho.” Hayi, “Guqula,” hayi, “mandiguqule ingqondo yaKho. Wena guqula ingqondo yam.” ‘Yabona? “Guqulela ingqondo yam kwintando yaKho. Kwaye intando yaKho ibhalwe apha eNewadini. Kwaye, Nkosi, musa—musa ukundivumela ndimke ude Uyenze—Uyenze ingqondo yam ifane kanye nengqondo yaKho. Ukuze xa ithe ingqondo yam yenziwa yafana nengqondo yaKho, ngoko ndiyakukholwa lilo lonke iLizwi Owalibhalayo. Kwaye Wena wathi, apha, Uyakwenza ukuba ‘yonke into isebeziselande okulungileyo’ kwabo baKuthandayo. Kwaye ndiyaKuthanda, Nkosi. Konke kusebeziselande okulungileyo.”

<sup>36</sup> Bendiphaya emazantsi elizwe kule veki, ndihleli nabahlobo abathandeka ngenene. Ndabuza abanye babo etafileni, izolo, xa besisidla. Besidla ngokuhlala njalo sijikeleze sibe nokuncinane...okunjengokufundisisa okuncinane eBhayibhileni. Besithetha malunga nothando. Kwaye bekukho umntu othile oye wathi kum, wathi, “Ndiyakholwa ukuba ungumchasi-kristu.”

<sup>37</sup> Ndathi, “Ukuba oko bekuyakuyikhola iNkosi yam, yiloo nto endifuna ukuba yiyo. Ndifuna ukuba yiyo nantonni na Afuna ukuba ndibe yiyo. NdiyaMthanda. Kwaye ukuba Angandiphosela esihogweni, ndisaya kuMthanda, ukuba ndinomoya omnye endinawo ngoku.” Wakhangela kum ngokungaqhelekanga noko.

Ndabona abane okanye abahlanu babo apha, abafana; amakhosikazi aselula, abafazi abahle. Ndazi ukuba abo bafana bawathanda kakhulu amakhosikazi abo, ngoko ndathi kubo, ndathi, “Nantsi indlela yokuyilinga le nto. Ukuba inkosikazi

yakho, phambi kokuba nitshate... Ngoku, ubuyele emva, uthi wena... obu bomi bomtshato, wawuphupha ngokuba wawutshatile; ube ungatshatanga ngenene, kodwa uphuphe ukuba utshatile. Waza wavuka, waze wahamba waya kuyithetha loo nto nentombi oyithandayo, wathi, 'Uyazi, ndiphuphe sitshatile, saze sanabantwana. Siphila ngokonwaba, si—silindele uKuza kweNkosi, nayo yonke into.' Ukuze ngoko le ntombazana ithi kuwe, 'Uyazi, ndithanda enye indoda ngcono kunawe. Ndingonwaba ngokungaphezulu xa ndinenye indoda.' Ubunokuthi, ngentliziyo yakho, umthande ngokupheleleyo kangangokuba uthi, 'Iintsikelelo zikaThixo maziphumle phezu kwakho, sthandwa sam. Hamba neny leyo indoda?"

Ngoku, ngoku hlolisasi loo nto, ngamnye kuni madoda okanye nina bafazi. 'Yabona? Kulungile, ukuba uthando lwakho lolululo, ungayenza loo nto, kuba unomdla koko kumfaneleyo. Bekunokuthini, ubusazi ukuba ubunokumfumana, unako ukuhlala naye, wena... Uyinkosikazi yakho; uzakuba yiyo. Uzakukutshata, kodwa akangeze onwabe. Angonwaba ngakumbi... Kwaye ngoko, ukuba uyamthanda, ngoko ufuna ukuba onwabe.

Ngoko ke, nantoni na eyiyo intando kaThixo, mayenziwe intando kaThixo, nokuba ndonwabile na yiyo okanye hayi. Ndifuna ukuphila ngokokuze Yena akholiseke yiloo nto ndiyenzayo. Ngoko ke hlolisisa eyakho—eyakho injongo noko ufuna ukukufumana ngaloo nto; uyakwazi ukuba uyamthanda na uThixo okanye hayi.

Ukuba Angathi, "UngaNdikhonza ukuba ndiyakulahlela kude?"

"NdiyaKuthanda, nakanjani na."

<sup>38</sup> Ngoko ke, ukuba amabandla angayibona loo nto aze akholwe ngolo hlobo, akunakuze kube nomnye ozama ukuxhuzula ibhola ekhatywayo emke nayo komnye umfo ngeli thuba abaleka nayo. Angamkhusela lowo. 'Yabona? Xa, injongo eyiyo yenene noko afuna ukukufumana, asinakuba kukuzama ukuthi, "Heyi, ndiyifumene Yona nam! Ndim, ndim *lo, lo* kwakhona." 'Yabona, uThixo akanakuyisebenzisa loo ndoda. Kuninzi kakhulu ukulinganisa okulandelana naloo nto, kwaye nguSathana lowo. Kwaye abantu abayiqondi loo nto. Bazama ukuthatha ibhola komnye umntu oyinikiweyo. Ekhe uThixo wavelisa ulungiselelo oluthile ungakhangela ukuba bangaphi na abayakulusukela. 'Yabona? 'Yabona?

<sup>39</sup> Ngoku, uthando oluyinene lukaThixo, "Akunamsebenzi nokuba ndileliphi na ilungu, Nkosi, ukuba nje ndingathetha iLizwi ngaloo Nto, ndinedise ukuYikhusela, mandenze loo nto." 'Yabona?

Ikwayiloo nto inye ekunokuba yiyo malunga nenkosikazi yakho. Ukuba uayithanda ngenene, 'yabona, asilo—asilo—

asilo thando lwaphileo; luthando lwe-*Agapao*, uthando lwenene. Ingahlala nomuntu ongomnye, ngolonwabo oluthe chatha; anitshatanga ngoku, kakade, aningekhe.

<sup>40</sup> Kwaye, ngendlela, abantu abaphulephule kula makhasethi. Abanye, abaninzi babo, bayabhalo, bathi, “Kutheni, *Kumtshato Noqhawulo-Mtshato*, uthethe *oku* waze wathetha *okuya*.” Ndikuthethe amaxesha amaninzi kakhulu oko; la makhasethi aphumela kuphela...Ndithetha nebandla lam, mzalwana. Andinaxanduva ngoko athe uThixo wakunika ukuba ukwaluse; ndinoxanduva lokuba hlobo luni loKudla endondla ngalo aba bantu. Oku kokwalo mnquba kuphela. ‘Yabona? Ngoku, ukuba abantu bafuna ukuphulaphula la makhasethi, oko kuxhomekeke kubo. Kodwa ndithetha oko uThixo andinike kona. Ibizizono zabo ezo zatsitywayo.

Omnye umntu wabhala, wathi, “Kulungile, ndenza *oku* ndaze ndenza *okuya*. Uthe izono zethu...” A—andikhange ndiyithethe loo nto.

Ndathi, “Bona ngolu hlobo; oku kuya kwaba bantu balapha kanye, abantu abalapha kulo mnquba, umhlambi ongowam.” Ngoku, ukuba abantu bafuna ukukuxuba ukutya nezinto eziphaya phandle, u—ufumana isityhilelo esivela kuThixo wenze oko uThixo akuxelela ukuba ukwenze. Ndiyakwenza kwaloo nto inye nam. Kodwa le Miyalezo iya kweli bandla.

<sup>41</sup> Qaphela ngoku, siyabuya, simelwe kukuba sifumane into eyenye esimelwe kukubambelela kuyo. Into emelwe kukuba yindawo yokubambelela, ngamanye amazwi, isisiqiniseko. Kwaye wonke umntu umelwe kukuba nesiqiniseko okanye uqobo. Ndashumayela ngaloo nto ngelinye ixesha, kwiminyaka eyadlulayo, ngesiqiniseko, indawo elilizwi lokugqibela.

<sup>42</sup> Njengosompempe kumdlalo webhola, ukuba uthi linqaku, yiloo nto ngokuchanekileyo athi kuyiyo. Akunamsebenzi nokuba uyibone njani na, usompempe uthe linqaku. Uthi, “A—a—a...Ibingelo nqaku. Iyihamble...Ndibone i...” Akunamsebenzi nokuba yintoni na, xa athe, “linqaku,” lilo ke, kuphelele apho, yiloo nto nje. Nguye, nguye isiqiniseko.

<sup>43</sup> Nesibane sokulawula izithuthi sisiqiniseko, ukuba sithi, “hamba.” Uthi, “Ke, mna, ndingxamile, ndine...” Hayi, hayi. Sithi, “Yima uzole ngeli thuba omnye umfo ehamba.” ‘Yabona? Sisisiqiniseko.

<sup>44</sup> Ngoku, kumelwe kukuba kubekho isiqiniseko kuyo yonke into oyenzayo. Kwafuneka ukuba kubekho isiqiniseko xa wawukhetha inkosikazi yakho. Kwafuneka ukuba kubekho umfazi owawunokumnyula.

<sup>45</sup> Ngoku, kumelwe kubekho ixesha apha, xa uzakuthenga imoto, hlobo luni lwesiqiniseko oyakulenza. Ingaba iyakuba yiFord, iChevy, iPlymouth, imoto yelingye ilizwe, nokuba yintoni na, umelwe kukuba ube nesiqiniseko.

Kwaye kunjalo ngokuphila uBukristu. Kumelwe kukuba kubekho isiqiniseko.

<sup>46</sup> Ngoku, ukuba indoda ithe, iye yaya kwenye indoda yathi,...ive umntu othile esithi, “Ke, umelwe kukubhaptizwa,” aze lo mfo angaze....Mhlawumbi, elakhe, ibandla elithile ebelingabhpaptizi, bayafefa nje. Ndiyacinga, ndithi ngokomzekelo, iWisile, bayabhpaptiza ukuba baceliwe, ndiyaqonda. Okanye mhlawumbi i....

IKatolika, ndiyacinga ukuba bayafefa kuphela. Ngoko ke ukuba—ukuba umntu uve into malunga noku “ntywiliselwa emanzini,” ke, akakhange ayiqonde loo nto; ebekhuliswe engumKatolika. Ngoko uyenyuka aye kumpriste, athi, “Father, ndiyaqonda ukuba simelwe ukuba sibhaptizwe ngokuntywiliselwa. Ithini inkonzo yethu malunga naloo nto?”

<sup>47</sup> “Kuba, itsho ukuthi—ukuthi simelwe kukuba sifefwe.” Ukuba elo bandla lisisiqiniseko, kuphelele apha. Konke ukuxambuliana kuphelile; ibandla litshilo, kube kuphelele apha.

<sup>48</sup> Ukuba u...umzalwana womBaptizi usive sisithi sikholelwa ekubhaptizweni ngo”kuntywiliselwa”? Uyakuthi, “Ndiyaholwa yiloo nto.” “EGameni lika‘Yesu Kristu.”

Ngoku, eli—eli lungu lebandla libuyela kumfundisi lithi, “Mfundisi, ndive umfo othe kum simelwe kukubhaptizwa ngokuntywiliselwa, kulungile, kodwa eGameni lika ‘Yesu Kristu.’”

<sup>49</sup> “Ke,” uyakutsho, “ngoku, masibone. Kuba, apha incwadi ithe simelwe kukubhaptizwa sisibenzisa u ‘Yise, Nyana, Moya oyiNgewe.’” Ukuba elo bandla lisisiqiniseko, kuphelele apha. Akakhathali nokuba ithini na enye into; sisiqiniseko sakhe eso.

<sup>50</sup> Ke, hlelo ngalinye lisisiqiniseko samakholwa alo.

Kodwa, kum, nakwabo ndithemba ukuba ndibakhokelela kuKristu, nangoKristu, yiBhayibhile isiqiniseko sethu. Akunamsebenzi...Kuba uThixo uthi, “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, elam libe yiNyaniso.” Kwaye ndiyaholwa ukuba iBhayibhile isisiqiniseko sikaThixo. Akunamsebenzi nokuba nabani na ongomnye uthini na; Isisiqiniseko.

IBhayibhile asiyoncwadi yeenkqubo. Hayi, mhlekazi. Asiyoncwadi yeenkqubo, ingeyiyo nesisikhokelo sokuziphatha. IBhayibhile asiyoncwadi yeenkqubo ezininzi kangako,

nokunjalo. Hayi, mhlekazi. Asiyoncwadi yokuziphatha kakuhle. Hayi, mhlekazi. Ayinjalo. Kwaye Ingeyiyo nancwadi yembali, ngokupheleleyo. Okanye Ingeyiyo nancwadi yemfundo yezakwalizwi. Kuba, Isisityhilelo sikaYesu Kristu.

Ngoku ukuba ungathanda ukuyifunda loo nto, ninawo amaphepha enu, yiphawule, ikwiZityhilelo 1:1 ukuya 3, njengokuba, iBhayibhile i“siSityhilelo sikaYesu Kristu.”

<sup>51</sup> Masiyifunde nje ngoku sisenexesha. Ndiyakhholwa ukuba eyam... andinazinto zininzi kakhulu zibhalwe phantsi endiyakuthetha ngazo. Ukuba iNkosi ayikabuyi, kuba, sizakuzama ukufumana kuzo.

*ISityhilelo sikaYesu Kristu, awamnika sona uThixo, ukuba ababonise abakhonzi bakhe izinto ezimele ukubakho kamsinya; waqondisa wathumela ngaso isithunywa sakhe sasemazulwini kumkhonzi wakhe uYohane:*

*Qwalingqinelayo iLizwi likaThixo, no... ubungqina buka Yesu Kristu, kwanento zonke awazibonayo.*

*Unoyolo lowo uwalesayo, kwanabo bawevayo amazwi aso isiprofeto esi, bazigcine izinto ezibhaliweyo kuso: kuba ixesha likufuphi.*

<sup>52</sup> Ngoko, iBhayibhile isiSityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu. Kwaye yaBhalwa ngabaprofeti. KumaHebhore 1:1 ku...“uThixo, Wayethethile nje ngamaxeshya amandulo koobawo ngabo abaprofeti, uthethe kuthi ngale mihra yokugqibela ngoNyana waKhe, uYesu Kristu,” ababengabaprofeti, bebonke, behlangene. UYesu wayenguMalaki; uYesu wayenguYeremiya, u-Isaya, u-Eliya. Yonke into ababeyiyo, babekuYe. Kwaye konke okukuko, noko konke ndikuko, kukuYe; aMazwi, amangqina eLizwi.

Ngoko Ayiyoncwadi yeenkqubo, isikhokelo semithetho yokuziphatha kakuhle, Ingeyiyo nancwadi yembali, okanye incwadi yemfundo yezakwalizwi. Asiyiyo. Kodwa Isisityhilelo sikaYesu Kristu, uThixo ngokwaKhe etyhiliwe, ephuma eLizwini ukuya enyameni. Nantso into Eyiyo. IBhayibhile iliLizwi, kwaye uThixo uyinyama, uThixo e...UThixo uliLizwi, gxebe, abe uYesu eyinyama. Isisityhilelo, sendlela uThixo (uLizwi) awabonakalaliswa ngalo ekwinyama yomntu, waze watyhilwa kuthi. Kwaye kungenxa yaloo nto ukuze Abe nguNyana kaThixo; Uyinxalenye kaThixo. Niyaqonda? Ngoku, Akanguyanga...UMzimba uyinxalenye kaThixo, kokungaka oku kunguNyana.

<sup>53</sup> UNyana, njengokuba amaKatolika embeka, “UNyana onguNaphakade.” Nazo zonke ezinye iinkonzo; elo gama alithethi nanto iphathekayo. ’Yabona? Akunakuba

nguNaphakade, ukuze ngoko abe nguNyana, kuba *uNyana* yinto ethe “yazalwa iphuma kwenye.” Kwaye igama uNaphakade, Akanakuze abe nguNapha-... Anganguye uNyana, kodwa Akangeze abe nguNyana onguNaphakade. Hayi, mhlekazi. Ayinakuba nguNyana onguNaphakade.

<sup>54</sup> Ngoku, kodwa Yena unguNyana, ngokungaka, ukuze lonke iLizwi elalikuYeremiya, kuMosisi, nakuwo wonke loo Mazwi, njengokuba Watshoyo, “Athetha ngaM.” Sonke eso sityhilelo siNgcwele seLizwi sasidityaniswe kumzimba womntu omnye, waze uThixo wabeka inyama yokuSijijela. Naso isizathu sokuba u“Nyana,” isizathu sokuba abe Wathi, “Bawo.” Kuba, yinto nje elula, ukuba ungavumela uThixo ayigalele ingene ihle engqondweni yakho. ’Yabona? UThixo etyhilwe ekumzimba wenyama, qaphela, etyhilwe ukusuka kwinyama... okanye ukusuka kwiLizwi aye kwinyama. NguYohane oNgcwele 1:14 lowo, “ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu.”

<sup>55</sup> Ngoku qaphela le Bhayibhile. Abanye babo bathi, “Owu, ke, Yenza oku, Yenza okuya.” Kodwa mandikuxelele into, masithi nje...

Masingene kwimbali yeBhayibhile, okomzuzu nje, sibone apho Yayivela khona. Yayibalwe ngababhali abangamashumi amane abahlukileyo. Ngamadoda angamashumi amane awabhala iBhayibhile, kwisithuba esingaphezu kweshumi elinesithandathu lamakhulu eminyaka ukwahlukana, kwaye kungamaxesha ahlukeneyo, bexela kwangaphambili izehlo ezizezona zibalulekileyo zakhe zenzenka kwimbali yehlabathi, kwaye, ngamaxesha amaninzi, kumakhulu eminyaka ngaphambi kokuba kwenzeke. Kwaye akukho nenye imposiso kumashumi amathanda anesithandathu ezo Newadi ziphela. Owu, bethu! Akukho mbhali koko nguThixo ngokwaKhe owayenokwenza ngokuchaneke kangako. Akukho neLizwi elinye eliphikisana nelinye.

Khumbula, isumi elinesithandathu lamakhulu eminyaka eyahlukeneyo, iBhayibhile yabhalwa ukusuka kuMosisi ukuya—ukuya ekufeni kuka—kukaYohane esiqithini, okanye kwiSiqithi sePatimos. Lishumi elinesithandathu lamakhulu eminyaka, kwaye yabhalwa ngababhali abangamashumi amane abahlukeneyo, omnye wayengamazi nokumazi omnye, kwaye abazange babenaYo njengo“Lizwi.” Abanye babo abazange balibone ne“Lizwi.” Kodwa xa babeYibhala, kwaye babesaziwa njengabaprofeti, ngoko, bathi bakubeka iziprofeto zabo bazihlanganise, ngasinye kuzo sanxibelelana kwesinye.

<sup>56</sup> Khangela uPetros, owavakalisa ngomhla wePentekoste, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nioxolelwie izono zenu.”

UPawulos wayengazange eve nto ngaloo Nto. Wehla waya kwelase-Arabhi isithuba seminyaka emithathu, ukuya

kufundisisa iTestamente eNdala, ukuze abone ukuba nguBani na le Ntsika yoMilo yayithetha naye endleleni, isithi, "Sawule, uNditshtshiselani na?" Wayenokuthini ukuphosisa? Akazange anxibelelane nabandla konke.

Kwaye kwishumi elinesine leminyaka emva koko, ekuhlanganeni kwakhe noPetros, babeshumayela into enye, iLizwi neLizwi. YiBhayibhile yethu ke leyo. Malithi ilizwi lenye indoda lisilele. *Eli*, akukho mntu unokongeza kuLo. Awongezi kwakhona eBhayibhileni. Hayi, mhlekazi. Esi siSityhilelo esipheleleyo. Kuphelele apho.

<sup>57</sup> NjengaMatywina aSixhenxe. "AMatywina aSixhenxe," omnye umntu wahlala esithi kum, "ngoku uthi... INkosi iyakuthetha nawe, Mzalwana Branham, xa la Matywina etyhilwa, ize isixelele ukuba singasondela kanjani na kuThixo, nokuba singayenza njani na loo nto."

<sup>58</sup> Ndathi, "Hayi, mhlekazi. Akunakubanjalo. Ngokuba iBhayibhile, aMatywina aSixhenxe akuYo ayeneemfihlelo ezisixhenxe ezifihliwego. Ayesele ebhaliwe, kodwa abazange baYiqonde ukuba yayiyintoni na."

Khangela indlela abathi badideka ngayo nje malunga naloo nto, bebhaptizwa eGameni lika "Yesu"; 'yabona, yayingelilo elo. LiGama le "Nkosi uYesu Kristu"! 'Yabona zonke ezo zinto, indlela ezaziyyiyo. Kuba, baninzi ooYesu; ndinabahlobo abaliqela apha emhaben'i ababizwa ngokuba ngoo "Yesu," abalungiseleli abangabahlobo. Asingabo abo. Yi "Nkosi yethu uYesu Kristu."

Akukho mbhali koko nguThixo onokwenza ngokuchanekileyo kangako. Ngoku masibone nje indlela le Bhayibhile eyabhalwa ngayo.

<sup>59</sup> Ngoku, masithi ngokomzekelo, ukusuka... Bekunokuthini ukuba besinokuya ngoku sithabathe amashumi amathandathu anesithandathu eencwadi zamachiza ezithetha ngomzimba, zibhalwe ngamashumi amane ezikolo ezahlukenyero zamachiza, ikhulu elineshumi elinesithandathu... okanye kwishumi elinesithandathu lamakhulu eminyaka ukwahlukana? Ndiyamangaliswa ukuba ingakuqhubela phambili okunjani esinokufikelela kuko?

Ngethuba, uGeorge Washington, umongameli wethu, malunga namakhulu amabini eminyaka eyadlulayo, ukwenzela isifo sengqeles i-pneumonia, bancothula uziphlo lozwane lwakhe baze bophisa ipayinti kuye. Bekunokuthini ukuba besinokuthabatha...

<sup>60</sup> Masihambele phambilana, kwezinye izinto ezithe zasitsala kakhulu namhlanje, yinzululwazi leyo. Bekunokuthini ukuba besinokuthatha amashumi amane eenzululwazi eyahlukileyo,

esuka kwishumi elinesithandathu lamakhulu eminyaka ngokwahlu kana, sibone ukuba singaphuma nantoni na? Inzululwazi yomFrench, kumakhulu amathathu eminyaka eyadlulayo, yaqondakalisa oku ngenzululwazi, ngokuqengqelekiswa kwebhola ukuba, ukuba nasiphi na isantya esiphezulu sasinokuthi sifunyanwe ngaphezu kwamashumi amathathu eemayile ngeyure, loo nto ingawushiya umhlaba iwele ngaphandle. Ucinga ukuba inzululwazi ingaphinda icaphule ibhekiselele kuloo nto? Ingaba kukho into eqhubeka kunye naloo nto ngoku, ngeli thuba baqhuba besihla ngesitrato, endleleni apha, ngekhulu elinamashumi amahlanu eemayile ngeyure? 'Yabona? Kodwa ngokwenzululwazi wayeqondakalise ukuba uxinzelelo lwebhola eqengqelekayo phezu komhlaba, nangamashumi amathathu eemayile ngeyure, loo nto, nayiphi na into ingaphakama isuke emhlabenim imke, ingawa kwisithuba esingaphandle esibhakabhakeni. Hayi, akukho kuqhubekela phambili ngaloo nto.

<sup>61</sup> Kodwa akukho neGama elinye eBhayibhileni eliphikisana nelinye. Akukho nomprofeti omnye owakhe waphikisana nomnye. Bebonke, ngamnye, wayegqibelete. Kwaye ekungeneni komnye aze aprofete, kwaye loo mprofeti wenene wayephakama ambizele phantsi, ize loo nto ibonakalaliswe. 'Yabona? 'Yabona? Ngoko iBhayibhile iliLizwi likaThixo, kuwo wonke amakholwa enyaniso.

<sup>62</sup> Ngoku, ubungenakufumana nto ichanekileyo koko oogqirha bayakuvumelana ngako. Awunako nokufumana okuchanekileyo kubo ngoku. Awunako ukufumana okuchanekileyo kwinzululwazi ngoku.

Ngoku, uyazi, kwixesha elithile elidlulileyo, basixeleta ukuba i...ukuba, "Xa iBhayibhile yathi 'wabona iiNgelosi ezine zimi kwiimbombo zone zomhlaba,' oko akunakwenzeka. Ihlabathi liyimbumba." Kodwa iBhayibhile ithe, "Iimbombo ezine." Kulungile, ngoku ubonile, kwiveki ezimbini ezidlulileyo, okanye iiveki ezintathu ezidlulileyo, bekuzizo ngoku, amaphepha ebethwele lo mhlathi, bafumanise ukuba ihlabathi lingamacala amane alinganayo. Bangaphi abayibonileyo loo nto? Kuba, ngokuqinisekileyo 'yabona? Ndithe mayikhutshelwe yonke, ndilindele nje umntu othile ukuba abe nento yokuthetha.

<sup>63</sup> Kwaye bayakufumanisa, ngenye imini, ukuba ababoni kukhanya kwekhulu elinamashumi amahlanu ezigidi zeminyaka yokukhanya kwasesibhakabhakeni futhi. Bajikeleza nje ndaweninye esangqeni. Injalo kanye loo nto.

Niyakufumanisa, ngolunye lwezi ntsuku, ukuba xa usiya eZulwini, awubhabhi uye kwindawo ethile eyenye. Uselapha, kananjalo, ukwenye imo nje ekhawulezayo kunale.

Kanye njengokuphumela kweli gumbi ungena umbala. Wonke umbala, ihempe, ilokhwe, nantoni na oyinxibileyo, inguNaphakade, ngokubhalwe kanye phantsi, ijikeleza iphindie ijikeleze ihlabathi. Lonke ixesha uqhwanyaza iliso lakho, oko kubhaliwe. Khangela, umabonwakude uyakuyiqondakalisa loo nto.

<sup>64</sup> Xa uzalwa, uThixo unokubhaliweyo ngawe. Oko akwenzi...Ufaka okushicilelayo, akwenzi ngxolo ininzi okomzuzwana, uyazi. Lusana oluncinane olo, lude lufike ekuziphenduleleni; ngoko ingxolo iyaqala, luyaqala ukuthetha izinto nokwenza izinto elumelwe kukuphendula ngazo. Kwaye xa ubomi buphela, oko kushicilela okanye ikhasethi liyakhutshwa libekwe ku—kuvimba omkhulu wencwadi kaThixo. Ngoku, uyakuliphepha njani ke kwiQonga loMgwebo? Liyadlalwa kwakhona phambi kwakho, yonke intshukumo owayenzayo, yonke ingcinga eyathi yangena engqondweni yakho. Uyayibona loo nto? Ngoku ungabona aphi uThixo...

<sup>65</sup> Ndimi apha ngobunye ubusuku, kwaye kwakukho indoda eyayiseqongeni, ende, indoda enempandla, umfo okhangeleka emhle, owomeleleyo. Kwaye waphuma...INkosi yayimxelele izinto ezininzi malunga nosapho lwakhe nento amelwe kukuyenza. Waphuma wahlala phantsi. Kwimizuzu embalwa, naku kusiza phambi kwam enye indoda enjalo, kodwa yayiyithobile intloko yayo. Andizange ndibe nakuqonda, ndaze ndakhangela kuloo ndoda kwakhona phaya phandle, yabe yona...Yayingeyiyo, ngokuba yayiyinto enye. Yaze le ndoda, andabinakuyifumanisa. Ndabheka-bheka, kwaye kungekho mntu emva kwam. Ndathi, "Laa ndoda ihleli ngaphakathi kwala midiya-diya phaya." Kwaye yayingowethu... yayingumzalwana ohamba apha ebandleni, omde, onempandla, udidi lomfo omhle ehleli phaya phezulu ngolwa hlobo. Wabe ejingisa intloko yakhe ngapha, ethandaza, ngokuba wayesondele ekufeni ekhathazwa sisusu.

Wayesiya kufuna izihlangu. Inkosikazi yayifuna ukuba afumane izihlangu ezitsha. Yathi, "Hayi, andimelwe kukuzifumana, kuba andisayi kuphila ukuze ndizinxibe."

Yayisifa. Yathi ihleli aphi, uyabona, ikuloo mo, haleluya, uThixo washukuma ngaphakathi aphi, wathi, "Nantsiya ihleli phaya," kanye kuloo ndawo yayikuyo. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini na?

<sup>66</sup> Ngoku qaphela, kwaye akukho nasiphi na isiphoso eZibhalweni. UYesu, iLizwi likaThixo, licalula iingcingane ezingaphakathi entliziyweni. "ILizwi likaThixo lomelele, libukhali," amaHebhore 4:12. "ILizwi likaThixo libukhali, lomelele ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, lahlula neengcingane neengcingane zengqondo." 'Yabona? Lingena lihle

engqondweni, lize likhuphe, licalule. Kukuthini *ukucalula?* “Kukwazi, kutyhilwe ngokupuhandle.” Kwaye yiloo nto iLizwi likaThixo eliyenzayo.

Namhlanje sithi, “Ibandla lamaKatolika liLizwi likaThixo; amaBaptizi, amaWisile, amaPentekoste, umnquba.” Yimposiso leyo. LiLizwi isityhilelo; uThixo, etyhilwe liLizwi.

<sup>67</sup> Hayi, asinakufumana...asinakufumana kuqhubeleka phambili phakathi kwezamachiza, phakathi kweenzululwazi, nakwizinto ezahlukeneyo.

Ukuba u-Einstein wayethe nje waba nokuchaphazela okokomoya, njengokuba wa-wayenokuchaphazela ngokwenyama, njengokuba wayefundisisa imithetho yokukhanya nezinto ezinjalo, ngewasixeleta into ethile. Xa ndandisiva umyalezo wakhe kwela ziko likhulu kwindawo ethile phakathi esibhakabhakeni, ukuba, “Ukuba ungake uhlangane nelo ziko, unganokudala imihlabo, wenze nantoni na, kwaye amandla anganga ngenasiphelo.” ’Yabona? Wayeyibonile loo nto.

<sup>68</sup> Uyazibona ezi ngxowana zincinane zingena emoyeni, bazibiza ngokuba zi-“saucer”, njalo njalo. Abantu njalo... Ukuba, kulungile, kungcono siyyeke loo nto. “Uvile ngabo bonke abo bantu balahlekayo?” Utsho. Musa ukuva ngabo; bemi apha, babe bengekho. Yiloo ndlela oluyakuba yiyo uXwilo. Omnye wabo uyakuwa ehlele phantsi kanye, kwaye lo mzimba ungophathekayo uyakwambatha okukoko moya. Kwaye bayakuba...sikhumba, nwele, okanye mathambo ayakushiyeka; kuyakuguqulwa ngomzuzwana wexesha, ukuwa kanye uphume kwisithuba esingenanto uthabathe oko uGoduke nako. Sibona konke oko kuqhubeka ngoku, kwaye i-iPentagon [Umanyano lwaMazwe amahlanu—Mguq.] iyamangaliswa zezo zinto zikhanyayo, nokukhanya okuyimfihlelo, nazo zonke izinto abazibonayo e—esibhakabhakeni. Nibonile ukuba bebenenyne apha iphepha eJeffersonville kule veki, nokunjalo, “ummangaliso wokukhanya.” Ngoko, owu, abazi ukuba kuyintoni na. Kodwa phulaphulani, bantwana abancinane, Oko kuyakunixwila, ngolunye lwezi ntsuku. ’Yabona? ’Yabona? Musani ukukhathazeka.

Khumbulani, uYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom.”

<sup>69</sup> Kwenzeka ntoni kanye phambi kweSodom? UThixo wehla neeNgelosi ezithile, baze bahlolela umgwebo. Wathi, “Ndikuvile ukukhala, ukuba isono sandile, sikhulu kakhulu, ngoko Ndihlile ukuba kufumanisa ukuba kuyinyaniso kukonke na okanye hayi.” Injalo loo nto? Khangela leya iyiNtloko yahlala no-Abraham, yayinokucalula iiingcingane ezazisentliziyweni kaSarah, emva kwaYo.

Ngoku, uyabheka-bheka umzuzwana nje uqaphele, 'yabona, ubone ukuba Iyakwenza ntoni na, kwaloo nto inye namhlanje. Ngokuphanda ngomgwebo.

Kuba, emva komzuzwana, iBandla, xa Lithe lahlala kuloo ndawo, nayo yonke imbewu ethe yeziswa kwindawo yayo, liyakube limkile. Abasayi kwazi ukuba kwenzeke ntoni na kulo. Omnye uyakuhamba ngolunye uhlobo. 'Yabona? Omnye uyakuba esiya kwindlu yomfundisi, omnye uyakube ehamba *apha*, okanye *phaya ezantsi*, kwaye, into yokuqala uyazi, babe bengasekho. Kuba u-Enoki owayengumzekelo, "uThixo wamthabatha, waze akabikho." Wehla ezokuhlola! Ukuqhubekela phambili, indlela awathi u-Enoki watshintshwa ngayo, umzekelo. EngokaSirayeli owayelayishwe emkhombeni...

<sup>70</sup> Liggibebele kangako, iLizwi likaThixo lingqibilele kangako, nkqu kweNdala neNtsha iTestamente, ngamacala amabini nento epheleleyo enye. Injalo loo nto. ITestamente eNdala isisiqingatha saYo, kwaye iTestamente eNtsha isisiqingatha saYo; hlanganisa loo Nto, unesiyhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu. Nabo abaprofeti bethetha, kwaye apha nguYe Buqu; 'yabona amacala amabini nento epheleleyo enye. Ngoku asifuni kuthatha okuninzi...

<sup>71</sup> Ngoku, khumbula, iTestamente eNdala ayiphelelanga ngaphandle kweNtsha. Kwaye eNtsha ayinakuphelela ngaphandle kweNdala. Naso isizathu sokuba ndibe ndithe ngamacala amabini, into enye epheleleyo. Kuba, abaprofeti bathi, "Uyakubalapha! Uyakubalapha! Uyakubalapha; bayakwenza *oku kuYe*. Bayakwenza *oku kuYe!*" Kwaye nanku Ekho apha, "Wayelapha! Wayelapha, baze benza *oku kuYe*, baza benza *oku kuYe.*" Bendisandula ukushumayela ngaloo nto kubusuku obumbalwa obudlulileyo.

<sup>72</sup> Ngoku, ukuze ube nokufundisisa iSibhalo, uPawulos waxelela uTimoti, "Lifundisise, ulungisa ukulahlula iLizwi likaThixo, eliyiNyaniso."

Nazo izinto ezintathu ezinyanzelekileyo zeSibhalo. Ekusebenziseni iLizwi likaThixo, kukho izinto ezintathu ekunyanzelekileyo ukuba ungazenzi. Ngoku masifundisise ezo zinto kule mizuzu ilishumi ilandelayo; izinto ezithathu onyanzelekileyo ukuba ungazenzi. Nako konke ekusemhlabeni, naphi na apho uyakhona, kuso sonke isizwe, qiniseka ngokufaka ezi zinto ezantsi engqondweni yakho ukuba awunalo usiba. Uze ungazenzi ezi zinto. Sinixeleta lonke ixesha indlela emanenze ngayo, ngoku ndizakunixeleta oko ningamelanga kukwenza.

<sup>73</sup> Ngoku, akufuneki *ulitoli* ngendlela engeyiyo iLizwi. Uthi, "Ke, ndiyakhola ukuba Lithetha *oku*." Lithetha kanye oko Likutshoyo. Aliswele kutolikwa. Kwaye kufuneka

*ungalibeki* kwindawo engeyiyo iLizwi. Kwaye ungaze ulingenise kwindawo engeyiyo iLizwi. Kwaye ukuba senze nayiphi na kwezo, iyakuyikhupha yonke iBhayibhile ingene kwindindeko nesiyaluyalu.

<sup>74</sup> Qaphela. Ukutolika ngendlela engeyiyo uYesu, ekwimo kaThixo esemntwini, ungamenza ukuba Yena—ungaMenza abe nguThixo omnye kwabathathu. Ukutolika ngendlela engeyiyo uYesu Kristu esiba liLizwi, ungaMenza ukuba abe nguThixo omnye kwabathathu, okanye ungaMenza iSiqu sesibini seNtloko-buthixo. Kwaye ukwenza loo nto, kungaphixanisa iSibhalo siphela. Awunakufika ndawo. Ngoko maLingatolikwa ngendlela engeyiyo Lona.

<sup>75</sup> Kwaye ukuba uthi into ethile, ubeka ukutolikwa kuLo, uze uLisebenzise kwelinye ixesha; okanye Lisetyenziswe kwelinye ixesha, nangoko wenza ukutolikwa okungachanekanga.

<sup>76</sup> Ukuba nabani na utolika ngendlela engeyiyo uYesu Kristu eBhayibhileni, ekubeni angabinguThixo ngokwaKhe, aMenze iSiqu sesibini okanye uThixo omnye kwabathathu, loo nto ingaliphazamisa lonke iLizwi kwiBhayibhile iphela. Ingaphula umthetho wokuqala, “Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwaM.” Kulungile. Ingenza lonke uluntu loBukristu iqela labahedeni babanquli abanqula oothixo abathathu abahlukenyeyo. ‘Yabona ukuba ingaluhlolo olunjani na iBhayibhile eninayo? Ngoko loo nto ingasenza oko amaJuda athi sikuko. Athi, “Nguwuphi kwabo thixo onguThixo wenu?” ‘Yabona? Ngoko, uyabona, awunako... akufanelanga uyitolike ngendlela engeyiyo iBhayibhile.

Kuba uYesu ngokwaKhe ukukutolikwa kweBhayibhile, xa Wenza kwabonakala kweso sigaba ukuba la nxalenye yoMzimba waKhe iyabonakalalisa. Ukuba sisigaba sesandla, mayibe sisandla; asinakuba sisigaba sentloko. Ukuba sisigaba sezwi, kulungile, ngoko, asinakuba sisigaba sonyawo. ‘Yabona? Ke ngoku sikwisigaba seliso. Kwaye ngoku esilandelayo, singuYe, ngokwaKhe, esiza. Ukubona; ngokwesiprofeto!

<sup>77</sup> ‘Yabona, konke ukuhla kwesi sigaba, siqale ukusukela kwisiseko, ukusukela kwisigaba sebandla sokuqala; xa iMbewu yangena emhlabeni, iMbewu epheleleyo. Kwaze kwaza kuphuma ezinyaweni, uLuther; kwabuyela emva ngoko ngoWesley; kwaya kungena kwaba kwaMoya, iilwimi, imilebe, ‘yabona; ngoku liliso, ubuprofeti, bukaMalaki 4, njalo njalo. Ke ngoku akukho nto iyenye iseleyo kulo ukuba ifike ngaphandle kwaKhe ngokwaKhe ukuba angene kuloo nto, kuba leyo yinto yokugqibela ekhoyo.

Bubulumko obulandelayo, kwaye asinabulumko obubobethu; bobaKhe. Asinakubona kukokwethu. Angathini umtu ukubona kwangaphambili ezo zinto? Akanakuyenza loo nto. NguThixo ngokwaKhe. ‘Yabona, ku—kufikelela endaweni.

Kwaye Yena ulawule umzimba konke ukuhla, ngoko umzimba opheleleyo kaKristu uthyilwa ukwimo yoMtshakazi owothatyathwa kwicala laKhe, njengokuba u-Adam wenzayo ekuqalekeni...njengokuba wayenjalo u-Adam, gxebe, ekuqalekeni.

<sup>78</sup> Ewe, “uthixo,” loo nto ingabhidanisa iBhayibhile iyonke, yaphule umthetho wokuqala, yenze uthixo, uthixo wabahedeni wesithathu. Ingenza nje—ingenza nje umonakalo kuwo wonke umfanekiso weBhayibhile. Ngoko awumelanga kuyitolika ngokuphosakeleyo iBhayibhile. Ngoku, yinto nje enye leyo.

<sup>79</sup> Ngoko, sonke iSibhalo esiseBhayibhileni siyintsingiselo enye, umelwe kukuYibeka kwindawo yaYo. Kwaye ukuYibeka kwindawo engeyiyo, usenokuMenza uThixo kwesinye isigaba, uze—uze kwisigaba esilandelayo uMenze imbalı, ukuYibeka kwindawo engeyiyo. Ngoko awumelanga kusibeka kwindawo engeyiyo iSibhalo. Yena unguThixo lonke ixesha. Ukuba uMenze namhlanje uThixo wembali, into eyayikho phaya kudala, kwaye Akasenguye namhlanje, uyakwenzani ngamaHebhere 13:8? ‘Yabona?’ ‘Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.’

<sup>80</sup> Ngoku, ngoko siyabona ukuba kungenza ntoni na oku, nokuba kwenza ntoni na. Sele kuyenzile, kuMenza akhanyeleye iLizwi ElilelaKhe, ukubeka iZibhalo ngendawo ephosakeleyo.

<sup>81</sup> Ukuzifaka kwindawo engeyiyo iZibhalo, usenokubeka umzimba waKhe uhhlangane ngendlela engeyiyo, unyawo apho kumele kubekho intloko khona, okanye enye into. Kwinto enye nje njenge...Ngamanye amazwi, usenokuba noYesu efundisa umyalezo kaMosisi. Usenokuba no...okanye noWesley efundisa isigaba sikaLuther. Usenokuba naloo nto ngoku, isigaba sethu, sifundisa iPentekoste, umyalezo wePentekoste. Uyabona ukuba yimbutyulela enjani eLinokuba kuyo? AbakwaMoya sele bekubonisile ukuba bangoobani na. ULuther sele ezibonakalisile, waya kungena emahlelweni. Yafela kanye apho. Kwangena isigaba; nantso imka.

<sup>82</sup> Qaphela, kanye nje ukuba yensiwe umbutho, yafa. [UMzalwana uBranham uqhwakraza umnwe wakhe kanye—Mhl.] Ngoku, bona nje ukuba asiyonyaniso na leyo. Khangela emva kuwo wonke amaphepha embali. Lonke ixesha lathi lazenna umbutho, lafa apho kanye; akuzange kube sabakho nto kulo. Laba ngu—ngumquli wothixo weli hlabathi, laya kungena kwizahlulo, nakwimibutho, namahlelo, nokukungaqondakali. Iqela loo Ricky laya kungena apho babeka ezabo iiimbono kulo, okanye bafakela iingcinga ezizezabo, gxebe, kulo. Laze lenzeka ntoni? Laba yimbutyulela. Lisiya kufumba kuthixo weli hlabathi, apho bayakumbeka etroneni uSathana ngokwakhe, becinga ukuba banenkokeli enkulu yehlabathi eyakubazisela uxolo.

<sup>83</sup> Ndani xeleta ngenye imini, ndizakuyiphinda kwakhona, ukuba nenkubeko ngokwayo namhlanje ichasene ngokupheleleyo noThixo. Inkubeko ichasene noThixo. Imfundu izizigidi zeemayile ukumka kuYe; inzululwazi izizigidi zeemayile. Inzululwazi nemfundu zizama ukuqondakalisa ukuba akakho uThixo, 'yabona, ngemfundu yezakwaLizwi yamaziko emfundu nezikolo, namagumbi enzululwazi, njalo njalo. Bathe balifumana elabo ithuba lokugungqisa.

Uthini ngombono wobunye ubusuku, wendoda xa yayikhala kwezo nzululwazi phaya ezantsi kugalelwa lanto phakathi ngolo hlobo? Zajonga nje zakhangela phezulu, zahambela phambili. Kusayakubakho okunye ukuphalisa.

<sup>84</sup> Qaphela, owu, ezi zinto zintathu zinyanjelekileyo zinyanjelekile ukuba zibekho. Ngoku, awunako... UYesu akazange azokushumayela umyalezo kaNowa. Akazange azokushumayela umyalezo kaMosisi. Okanye, uMosisi akazange aze kushumayela... 'yabona musa ukusibeka kwindawo esingeyiyo iSibhalo. Simelwe ukuba sifike ngexesha. Ngoku, awunako ukubhekiselela... Xa loo madoda makhulu, uJohn Wesley, waphumayo, okany... .

Amadoda amakhulu, uLuther, xa uLuther waphumayo nomyalezo wakhe wokugwetyelwa. Ngoku xa oko kwaku... ULuther wayeyindoda ebalulekileyo. Wabiza ibandla laphuma ebumnyameni, waze wamisa ugwetyelo ngokholo. Wathi akwenza loo nto, baze bakha umbutho phezu kwayo, yaze yafa. UBomi bahambela phambili, njengokuba bunjalo kwisithombo sengqolowa, baphuma apho bayo kungena kwisigaba sikaWesley, isiqu, ukuya kumdumba. Bayakuphuma kuLuther kwavela amanye amaqabi, loo nto yafa naso, eyayinguZwingli, noCalvin, nabo bonke abo baphuma kolo hlaziyo lukhulu.

<sup>85</sup> Kwaze kwavela noWesley, esinye isigaba esadubula siphuma kweso siqu. UWesley, no-Atterbury, nabo bonke abo, no-noJohn nomntakwabo, nabo bonke, amadoda amakhulu akwaThixo anomyalezo, owallitshayelayo nje ilizwe. Bawenza umbutho; wafa.

Ngoko waphuma ngokuchanekileyo kanye kukhangeleka ngokungathi uyakuvelisa ingqolowa ngoku, kwaye, kwafumaniseka ukuba, yayilikhasi, eyakwaMoya.

Kodwa emva phaya emva koko, kwaphuma umdumba omncinane.

Kwaye uyaqaphela esiqhelweni... Ndiyacinga, malunga nesithathu okanye isine seminyaka emva kokuba uLuther waphumayo entsimini, kungoko apho ibandla lamaLuthere labunjwa khona. Kwixesha nje elifutshane emva kokuba uWesley wayesentsimini, labunjwa.

<sup>86</sup> ETuscon, sine—nenkqubo yokuba lathini na ibandla likaWesley, okanye ibandla lamaWisile, ukuze libekho. Baze bathi bakufika apha eMelika, abaninzi babo babuyela emva baze bathi masizimisele i—indawo yokudibanel a njalo njalo, ukusuka eNgilane, ukuze silizise ngapha, nendlela eyathi yazotywa ngayo yonke loo nto. Ndayibona kanye ngoko into eyenzekayo. Nalo lifile.

<sup>87</sup> Ke, kwaphuma kweyakwaMoya, abo bakhwazi badala baphaya kwiintsuku ezinde zakudala, banesipho sokuthetha ngeelwimi, baze baqalisa ukuthetha ngeelwimi. Baze bayibiza ngelokuba, “bubungqina bukaMoya oyiNgcwele.” Baphinda bazenza umbutho. Omnye wathi uyakuba *noku* nomnye uyakuba *nokuya*, baze baba nemicimbi ngemicimbi. Yenza ntoni loo nto? Ngamnye kubo ushiya nje kungalungelelananga, njengokuba kwenzekayo kwidiza nanjengokuba kwenzekayo kumdumba. Baba nobunye, ububini, ubuthathu, nebandla likaThixo, nazo zonke ezinye ezi; kusoluka nje, kusoluka, kusoluka.

Kodwa ngoku, ngokwendalo, engumzekelo ogqibeleyo, awunakuze ube nayon toni na onokuYifundisa ngalo.

<sup>88</sup> Usapho, lwabahlobo bam olusezantsi eKentucky, belusandula ukuba nosana oluncinane—oluncinane oluzelweyo ngenye imini, waze unina wabe enyukile xa babelungisa idinala yethu. Wabe yena encedisa omnye udade ekuphekeni idinala besenzela iqela lethu madoda sasiphaya phandle ukuya kuzingela ke ngoko usana Iwaqala ukulila, kwaye ndandithetha. Ndiyacinga ukuba unina waziva edanile kancinane, ngoko wabaleka waya kuthatha usana lwakhe, wa—waqalisa uku—ukuncancisa loo mfo mncinane. Ingathi, “Uyazi, yindalo nje leyo.” ‘Yabona? Ngoku, awunako...’

Abazange bafumanise ndlela ingcono elinokuthi ngayo usana Iwazise olo likufunayo kunokuba luyililele. Ngoku, usenokulinika i—incwadi yemigaqo, uhlale apha uthi, “Ndifuna ukukufundisa imfundo yezakwalizwi, nyana. Ngoku, musa ukuphuma ukranxalaze ujikeleze njengabanye abantwana; wahlukile wena. Ngoku, xa ufuna ukuncanciswa, uze ukhalise le ntsimbi incinane ingapha.” Ayisebenzi nje loo nto. Hayi, ayisebenzi nje konke.

<sup>89</sup> Ngoko, xa ujunge indalo, ngoku siyabona apha sonke isigaba, yathi yasilungiselela ngokuthe ngqo ukuze sibe sithe thina sikwisigaba sokugqibela. Ikhasi libuye umva. Kwaye sibe neshumi elinesihlanu leminyaka, phantse ngamashumi amabini ngoku, eminyaka, yoMyalezo utshayela ukusuka kwisizwe ukuya kwisizwe, kwaye ngale ntsasa sinxibelelene nesizwe, ‘yabona, kwaye kungengombutho. Awunako ukwensiwa umbutho. Akuzange kubekho nto injengawo, okanye iyakuba kho emva koku. ‘Yabona?

I—into ebalulekileyo ngoMyalezo namhlanje, kukuba, abo baWufumanayo ezintliziyweni zabo bamelwe kukuhlala kuBukho boNyana, ukuze benzwi bavuthwe. 'Yabona? Ungawuchola uMyalezo, kwaye ngoko vumela uNyana agcade bonke ubuluhlaza buphume kuwe, enze uMkristu okhulileyo. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini na? UThixo uyeza kwamsinya, ukuza kwamkela iBandla laKhe, kwaye simelwe kukuba sibe lolo hlobo lwaMakristu kuYe ayakuwamkela. I—ingqolowa imelwe kukuvuthwa. Kulungile.

<sup>90</sup> Ezi zinto zinyanzelekileyo zintathu zinyanzelekile ukuba zibekho. Ungatoliki ngokungekuko, okanye uLiphathe ngendlela engeyiyo, uLitolike ngendlela engeyiyo, okanye ngendle—...okanye uLibeke kwindawo engeyiyo. Lifanele kukugcinwa ngokuchanekileyo kanye ngendlela uThixo awathi laliyiyo.

Kwhlabathi, LiyiNcwadi yeemfihlelo. Abantu baLikholelwa nje njengeNcwadi eyimfihlelo. Ngelinje ixesha ndandithetha nendoda edume kakhulu apha esixekweni, ebambe isikhundla esiphambili soBukristu, yaze yathi, "Ndazama ukufunda iNcwadi yeZityhilelo ngobunye ubusuku." Yathi, "UYohane unokuba wadla into enkulu yepepile ebabayo waza waphupha kakubi." 'Yabona, iNcwadi yeemfihlelo.

<sup>91</sup> Kodwa, ngeli thuba kwikholwa lenyaniso, Isisityhilelo sikaThixo etyhilwe kwisigaba esiphila kuso. Wathi, "Amazwi am anguMoya abuBomi." UYesu wayithetha loo nto. Kwakhona, "ILizwi liyiMbewu eyahlwayelwa ngumhlwayeli." Siyazi ukuba oko kuyinyaniso. LinguThixo ekwimo yeLizwi, kwaye kuphela lingatolikwa nguYe.

Ingqondo yomntu ayinakuba nako ukutolika ingqondo kaThixo. Ingathini encinane—encinane enesiphelo ingqondo ukutolika iNgqondo engenasiphelo, ngoku singenakho nokutolika omnye ingqondo yomnye?

<sup>92</sup> Kwaye uyaqaphela, nguYe kuphela OnokuYitolika, kwaye UYitolika kwabo Athandayo. Ayizange ithi, "Abantu abanokubhubha bakudala, njengokuba babezulazula phezu komhlaba kumaxesha amandulo ngeendlela ezahlukeneyo." "UThixo, kumaxesha amandulo waZityhilayo njengendlela ezininzi kubaprofeti baKhe." 'Yabona?

<sup>93</sup> Kwaye, qaphela, "Kwabo Athanda ukuYityhila kubo." Kwaye Wamisa ukuba Abe nokuZifihla eSibhalweni, kwesona sifundiswa sezakwalizwi silungileyo sikhoyo. Owu, bethu! Uyakwazi nje ukuZifihla, ehleli kanye apho eSibhalweni, uze ukhangele yonke imini ungayiboni; ukhangele ubomi bonke, ungaze uybione. AngaZifihla nje, ehleli apho.

<sup>94</sup> Ngoku, ncedani, kuyo yonke indawo, makungene nzulu oko. Ukuba, uThixo, eLizwini, angaZifihla kangako eLizwini,

ukuze kungabikho sifundiswa sezakwaLizwi okanye sikolo ehlabathini sinokuze sibe nokuMfumana, kwaye nangoko Uhleli apho kanye.

Uthi, "Ingaba injalo loo nto, Mzalwana Branham?"

Uthini ngabaFarisi nabaSadusi? Uthini ngaso sonke isigaba? Wayenza loo nto. Ngokuqinisekileyo. Uyenze njalo kuso sonke isigaba. Ngoku singayihlola loo nto. Masicinge ngemihla kaNowa; esilumkileyo, isigaba seengqondi, indlela AwaZifihla ngayo kwiLizwi laKhe ledinga. Ngemihla kaMosisi, indlela AwaZifihla ngayo. Ngemihla ka-Eliya, indlela AwaZifihla ngayo. Ngemihla kaYesu, indlela AwaZifihla ngayo. "Ube esehlabathini, ihlabathi labakho ngaYe, ke ihlabathi aliMazanga. Weza ngokwaKhe Buqu; abaKhe Buqu abaMazanga." 'Yabona?

<sup>95</sup> UyaZifihla kwabona balumkileyo, amadoda aziingqondi akhoyo phezu komhlaba. Uthi, "Ke, lo nguGqirha. uTata oNgcwele uZibani-bani." Andikhathali nokuba ungbani na, uThixo uyaZifihla kuye; kwaye eyakuZityhila kwiintsana ezifuna ukufunda, 'yabona, iintsana zikaThixo, imbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili.

<sup>96</sup> Cinga. UThixo Onamandla onke, ehleli kuMazwi AngawaKhe, emfamekisa izilumko, abantu abafundileyo besi sigaba sikhoyo, kwaye abayiboni loo nto. Bacinga ukuba liqela nje labantu abayibaxayo. Khangela kuYe emi apho ezifihla, kwabakwaMoya, amaBaptizi, amaWisile, amaRhabe. EZityhila kanye ekuhleni, ebonakalisa zonke iintlobo zezinto, ezibeka nasemaphepheni, nezinto ezinjalo, kodwa nangoko abayiboni. Owu, uThixo wethu, mkhulu kangakanani, uZityhila kulowo Athanda ukwenza njalo kuye.

<sup>97</sup> "Owu," uthi, "uMzalwana uJones okanye uMzalwana uSibani-bani, u-uyindoda ebalulekileyo. UyakuYibona." Owu, hayi. UYityhila kulowo Athanda ukumtyhilela. Uthi, "Inkosikazi yam ayiYiboni, kwaye ingumfazi onguMkristu." UZityhila kulowo Athanda ukuzityhila kuye. "Ke, umlungiseleli uyindoda enkulu." Kunjalo, kodwa uZityhila kulowo Athanda ukuzityhila kuye. Ngoku, hlola ngoko kutyhiliweyo, oko kwenzekayo, ngoko uyaku...ungaqonda ngokucacileyo.

<sup>98</sup> Ngoku siqaphele ngoko, oko kuYenza iNcwadi kaThixo hayi incwadi yomntu. Ukuba Iyincwadi yomntu...Ngoku masikhangale ukuba IngaZiqondakalisa kanjani na. Khangela indlela Esidandalizisa ngayo isono sabantu abaYibhala, qaphela, loo madoda a-ayephila ngomhla waYo.

U-Abraham, ngokomzekelo, ubizwa ngokuba "nguyise wabathembekileyo." Qaphela indlela ekwathi...Ucinga ukuba u-Abraham ngewabhala le Ncwadi ngokwakhe, ngobugwala bakhe buqu? Ucinga ukuba ngewabhala ngokuba waxoka

kukumkani ngalaa ntsasa, watsho ukuthi yayingudade wabo lowo, ngeli thuba yayiyinkosikazi yakhe? Ibiyakuthi Ibhale ngezenzo zobugwala awazenzayo? Ngokuqinisekileyo, ngewayengazange ayenze loo nto.

<sup>99</sup> Uthini ngoYakobi ubuqhinga bakhe? Umqhathi omncinane owayenguYakobi. Ingaba i—i—indoda, umHebhore ebhala ngomntakwabo womHebhore, ekwathi ngaye wonke uSirayeli wabizwa ngaye, ingaqalisu ukubhala ubuqhinga boyise kanye wesizwe siphela? KuYakobi, kuvela oomawokhulu; komawokhulu, kuvele izizwe. Kwaye ilitye lesiseko saloo nto yonke, iBhayibhile ilidiza njengonamaqhinga. Ingaba kunjalo? Ucinga ukuba abantu ngebayibhalayo loo nto? Hayi, mhlekazi.

<sup>100</sup> Uthini ngendoda eyabhala ngoyena kumkani mkhulu bakhe banaye phezu komhlaba njengokumkani othweswe isithsaba; uDavide ekukrexenezi kwakhe? Ingaba loo maJuda akhe abhala ngoyena kumkani obekekileyo ukuba ngumkrexezi?

Owu, sinayo imbali, njengokuba, “UGeorge Washington akazange axoke,” nezinto ezinjalo. Sithi, siyibiza ngokuba yimbali loo nto.

Kodwa ukuba le yindoda, iBhayibhile imbiza uDavide njengo “mkrexezi,” kwaye wayenguye. Ukumkani kaSirayeli, njengomkrexezi owayeyakuba ngunyana... UYesu eyakuba ngunyana kaDavide. Kwa iLitye lentloko ngokwalo; noyise waLo, ngokwenyama, wayengumkrexezi. AmaJuda ayengenakuze abhale iNcwadi enjalo. Ingaba abantu bangayibhala le nto ngeziyu zabo? Ngokuqinisekileyo ngekhe.

<sup>101</sup> Sasinokuyenza njani loo nto esa sizwe sizingcayo sakwaSirayeli? Niyazi ukuba babezingca kangakanani na. Isizwe esizingcayo sakwaSirayeli, sahamba sayakubhala ngokukhonza kwaso izithixo, sabhala malunga nokuqhankqalaza kwaso kuThixo waso, sabhala ngokuchasene nobumdaka, nezinto ezingcolileyo esazenzayo, saze sazibhala encwadini? Ngokuqinisekileyo ngebayifihlayo loo nto. Ngebabonisa nje izinto ezilungileyo. Kodwa, le Bhayibhile, ixela ukuba yintoni na elungileyo iyintoni na engalunganga. Yiyo, nabani na uyazi ukuba amaJuda ngengazange abhale iNcwadi enjengaleyo, ngokwawo ukungecola, nokukhonza izithixo, nokusilela, nayo yonke into awayenzayo. Ngengazange ayibhala loo nto. Owu, hayi.

Ngoko, nguBani owaYibhalayo? IBhayibhile ithe, kumaHebhore 1:1, “uThixo, wayethethile nje mandulo ngeindlela ezininzi koobawo bethu ngabo abaprofeti.” Ngoko, yayingengobaprofeti, yayingengobantu babhubhayo. “NguThixo!” Hayi “abaprofeti kumaxesha amandulo.” Koko, “UThixo, ngamaxxesha amandulo wayethethile nje ngeindlela ezininzi koobawo ngabo abaprofeti.”

NdineSibhalo esibhalwe apha. Andazi nokuba Siyintoni na; andikwazi ukubhekiselela kuSo. Esiqhelweni, xa ezi zinto ndibhekiselela kuzo, ndikhangel a eSibhalweni. Ndizakusijonga nje okomzuzu, ukuba niyakundixolela. NguTimoti weSibini 3:16. Be—be—bendicinga ukuba ndiyakuyikhumbula loo nto, kodwa ndicela uxolo. Ndizakuma nje umzuzwana ukufumanisa ukuba yintoni na.

<sup>102</sup> “UTHixo, ngamaxesha amandulo wathetha koobawo ngendlela ezininzi ngabo abaprofeti.”

Ngoku kuTimoti weSibini 3, 3:16. Masibone ukuba ithini na kwese-3:16

*Sonke isibhalo (ewe) siphefumlelwe (Ngabaprofeti? Hayi)...siphefumlelwe (Yintoni?) nguThixo nje, sikuwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqequesha okusebulungiseni:*

*Ukuze umntu kaThixo afaneleke, exhobele wonke umsebenzi olungileyo.*

<sup>103</sup> Kulungile, ngoko, sonke iSibhalo sibhalwe ngempefumlelo. UYesu, apha phezu komhlaba, watsho ukuthi amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laKhe alingekhe. Wathi sonke iSibhalo simelwe kukuzaliseka. Ngoko ke le Ncwadi asiyoncwadi yemibhalo yomntu. IZincwadi zemibhalo kaThixo.

<sup>104</sup> Ngoku, siyazi ukuba uThixo walinyula iBandla laKhe kwangenxa engaphambili, indawo yaKhe, abaprofeti baKhe, nayo yonke into ngalo. Ngolwazi lwakhe ngenxa engaphambili, Wamisela ngenxa engaphambili umprofeti waKhe. Kwaye sathi sakufika isigaba Wabe enomprofeti waKhe ofika kwangelo xesha. Waze wamphefumlela Wabbala iBhayibile ngaye. Ngoku, uThixo wabbala iBhayibile esebenzisa nje umprofeti, ngokuba leyo yindlela yaKhe yokwenza loo nto. 'Yabona, asilolizwi...Ngoko, 'yabona, iLizwi likaThixo, ingelilo ilizwi lomntu.

<sup>105</sup> UThixo unguMntu. UThixo uyakwazi ukuthetha. UThixo uyakwazi ukuncokola. UThixo uyakwazi ukubhala. Wayenganyanzelekanga ukuba ayenze ngolo hlobo, kodwa leyo yindlela a-awayinyulayo ukuze enze ngayo. Wayenganyanzelekanga ukuba ayenze ngaloo ndlela, kodwa Wanyula ukuyenza ngaloo ndlela. Ngoku uthi, “UTHixo wabbala ngomnwe waKhe, umnwe OngowaKhe wobukumkani, imithetho elishumi. Ngoko uThixo ngewabhala, ngokwaKhe, ukuba Wayefuna ukwenza njalo.” 'Yabona? Kodwa Wa—Wanyula ukuYibhala ngabaprofeti, 'yabona. Ngokuba babezibonakaliso zaKhe, iLizwi laKhe, Wazibonakalalisa ngabo, eyenza ukuba yonke ibe yinxalenye ethile, okanye inxalenye yaKhe. 'Yabona? Wayenako ukubhala ngomnwe

waKhe. Kananjalo wathabatha umnwe waKhe wabhala emadongeni eBhabhiloni, “Ulinganisiwe esikalini wafunyaniswa ulula.” Wabhala ngomnwe OngowaKhe.

<sup>106</sup> UThixo uyakwazi ukuthetha. Niyakholwa ukuba uThixo uyakwazi ukuthetha? Wathetha noMosisi phezu kwentaba, kwityholo elitshayo. Niyakholwa yiloo nto? Ewe, mhlekazi. Wathetha noYohane, ekwimo yehobe, (niyakholwa yiloo nto?) ukuba, “Lo nguNyana waM oyintanda eNdikholisiweyo kukuhlala kuye.” Wathetha naye. Wathetha noYesu kwiNtaba yoTshintsho, phambi koPetros, uYakobi, noYohane. Uyakwazi ukuthetha. Akasosimumu. UThixo uyakwazi ukuthetha. Ngoko Wathetha no—noYesu kwiNtaba yoTshintsho. Kwaye Wathetha kuYesu phambi kwesihlwele sabantu; ngoko, abantu bathi kuyaduduma, kodwa yayinguThixo ethetha noYesu. Kwaye phantse kuye wonke uMateyu, uMarko, uLuka, noYohane, nguYesu ethetha. Yena unguThixo. Ngoko, uThixo uyakwazi ukuthetha.

<sup>107</sup> Wathabatha iminwe EyeyaKhe wabhala entlabathini, ngenye imini. Wathetha, Washumayela, Waprofeta, ngemilebe EyeyaKhe, nguThixo owenza njalo, ngethuba Wayenziwe inyama wahlala phakathi, “UThixo ebonakalaliswe esenyameni.” Ukuba Uyakwazi ukubhala, ukuthetha, Akanako ukuxelela abanye kananjalo amabakwenze? Ngokuqinisekileyo unako. Uyakwazi ukuthetha nabo, ngezwi elilelomntu. Uyakwazi ukubhala abalonise into amabayenze. Uyenzile loo nto.

Ngoko, “UTHixo, wayethethile nje ngemihla yamandulo ngendlela ezininzi koobawo ngabo abaprofeti.” Kwaye Watsho, kuloo Mbhalo, ukuthi, “Akukho nechaphaza okanye isihloko esiyakudlula side sibe Sizalisekile,” saze Sabonakalaliswa; ngoko Siyakudlula, ngokuba Sibonakalaliswe. Asinakudlula ngoko, kodwa nje ukuba iLizwi ngokwaLo lenziwe inyama. U-jot uthetha “igama elincinane.” U-tittle uthetha “uphawu oluncinane.” Akukho nesiphumlisi esinye, isikhuzo esinye, nantoni na, eyakusilela eLizwini likaThixo. Alinakusilela, ngokuba LinguThixo, uThixo ebonakalaliswe ekwimo yenyama yomntu. Kuba, nguThixo ngokwaKhe ekwimo yombhalo, kwimo yomprofeti, ebonakalaliswe esenyameni.

Ngoku naso isizathu sokuba uYesu abe wayenokuthi, “Abo bathethayo kuni, nibabiza ngokuba ngoo ‘thixo,’ abo bathetha kuni ngeLizwi likaThixo,” wathi, “kwaye bangoothixo.” Abo baprofeti xa babethanjiswe ngoMoya kaThixo, baze bezisa ngokuchanekileyo iLizwi likaThixo, ngoko babengoothixo. YayiliLizwi likaThixo lithetha ngabo. Kwaye kuyenzeka . . .

<sup>108</sup> Babetolika kuphela oko uMbhalo wayakubavumela ukuba bakutolike. Ngoku ukuba ufunu ukufumanisa loo nto,

nguPetros weSibini 1:20 nama-21. Kulungile. Kuba, oku, apho uThixo... “Akukho mntu uzicombululelayo.” Wenza ukutolika kwaKhe ngokwaKhe.

UThixo uyathetha aze aLitolike ngokwaKhe, ngoko ilityhilela nabani na Athanda ukumtyhilela, alifihe kubo bonke abanye. Akanyanzelekanga ukuba aLityhile kuye nabani na ngaphandle kwalowo Afuna ukwenza njalo kuye. Kwaye Akenzi... Yena, Uyicacise yonke into yaKhe esibhalweni, ngoko ke iyonke loo nto sele yaziwi; into nje kukuba Uhleli nje apho eyikhangele isenzeka. ‘Yabona? Hayi. Ubona nje uMzimba usenziwa kubuyela kweLawo, kwisimo, uMtshakazi waKhe kwakhona. Kulungile.

<sup>109</sup> Amakholwa ayaLikholelwa, njengo-Abraham owabiza izinto ezechaseneyo naLo njengezingekhoyo.

<sup>110</sup> Lona kananjalo, eli Lizwi, licalula iingcingane zentliziyo, kumaHebhere 4:12. “Licalula iingcingane zentliziyo.”

<sup>111</sup> Abaprofeti babengahlalanga beyiqonda into ababeyibhala okanye into ababeyithetha, okanye ngekwakungekho ndlela yakuba bayithethe, ukuba babenokuYiqonda. ‘Yabona? Kodwa iBhayibhile ithe, “Babeqhutywa nguMoya oyiNgcwele.” Beqhutywa! Xa uMoya oyiNgcwele ukuqhuba, uyaqhubeaka. Abantu... “UThixo, kumaxesha amandulo wayethethile nje ngeendlela ezinanzi kubaprofeti ababeqhutywa nguMoya oyiNgcwele.” Kungoko, kuzo zonke izigaba, abantu ababengabomoya babehangana nabaprofeti malunga namaxesha noko kwakuzakwenzeka.

Umbhali ongumprofeti umelwe abe nobudlelane obuthe rhoqo noMbham. ‘Yabona? Ufanele aphile ngokuthe rhoqo kuBukho boMbham, ukuze azi oko iNcwadi iyakubakuko. ‘Yabona? Umbhali ongumprofeti, wayenosiba oluhleli lulungile nangaliphi na ixesha, ekubudlelane obuthe rhoqo noMbham, owayenguThixo, ukuba abeke phantsi nantoni na Athe makayibhale phantsi. ‘Yabona? Kwakubonakalisa ukuba hlobi luni na lobomi awayenyanzelekile... ubomi bokuzahlula kubo bonke abazalwana bakhe.

<sup>112</sup> Ngoku, naso isizathu sokuba umprofeti nengqondo yakheibe yayihleli ibekwe njalo kwinto ethethwe nguThixo; hayi koko kwakucingwa ngabantu, oko isigaba sasikucinga, oko ibandla lalikucinga, oko ubukumkani babukucinga, yinto eyayicingwa nguThixo! Wayebonakalisa iingcinga zikaThixo kuperhela kwiLizwi, kuba ilizwi liyingcinga xa ibonakalalisiwe. Niyifumene ngoku? ILizwi liyingcinga ebonakalalisiweyo, ngoko umprofeti wayelindele iingcinga zikaThixo. Kwaye xa uThixo ethyla iingcinga zaKhe kuye, wayekubonakalalisa oko eLizwini, “ITSHO INKOSI.” ‘Yabona, hayi “nditsho mna, mprofeti.” “ITSHO INKOSI!” ‘Yabona? Kulungile.

<sup>113</sup> Kungoko bathi badela izikumkani nezigaba zebandla, ntonleyo, ukuyenza ngemihla yabo, yayisisohlwayo sokufa. Wawuhamba uye ebusweni bokumkani umxelele, "ITSHO INKOSI, *okuthile-thile* kuzakwenzeka," wayeyakwenza intloko yakho ukuba inqunyulwe. Ibandla lalikubulala khona ngoku ngenxa yokwenza loo nto. Kodwa aba baprofeti babenobuganga. Kuba? Babeqhutywa nguMoya oyinGcwete, 'yabona, kwaye, bona, nantso into eyabangela ukuba babenobuganga. Kwaye babbala i—iLizwi elingenakuwa likaThixo.

<sup>114</sup> Baninzi abazama ukubalinganisa abo baprofeti, njengabapriste, okanye njalo njalo. Kwaye benza ntoni bona? Bonakalisa nje, kuphelele apha. Abazange babe nakuyenza loo nto.

Kuba, uThixo wayenyule indoda yeso sigaba sexesha, waze wanyula uMyalezo, kwaye nendalo yomntu nento eyayizakuhla apha kweso sigaba sexesha, into awayeyakuyihlisa, Wayeyakuyenza njani. Ngemveli yaloo ndoda ithile, Wayewamfamekisa amehlo abanye. Amazwi eyayiyakuwatetha loo ndoda, indlela eyayisenza ngayo, yayikubamfamekisa abanye, ivule amehlo abanye. 'Yabona wayeyinxiba loo ndoda ngohlobo lwesinxibo eyayilulo; isimbo, umnqweno, nayo yonke into kanye ngendlela eyakuba yiyo, inyulwe ngokugqibeleyo nje ukwenzela abo bantu bathile Ayakuthi ababizele eso sigaba sithile.

Ngeli thuba, abanye babeyakuma bakhangele kuyo, bathi, "Ke, andingekhe. Kukho... A—andiboni." Babemfanyekisiwe.

<sup>115</sup> UYesu weza kwangendlela enye, enxibile, uThixo ongenakufa enxibe iinyama yomntu. Kwaye ngokuba Wayezalelwe emkhombeni, kwisitali esizele ngumgquba, kungekho nendawo yokubeka intloko yaKhe; ezalwa, ekucingeni, enegama lobugqakhwe elincanyathiselwe kuYe. 'Yabona? Zonke ezi zinto Wayezizo, nendlela Awakhula ngayo, unyana womchweli, nendlela Awayengafundanga ngayo.

Ngokufutshane, ehlabathini, ubulumko beli hlabathi, Wayengenanto yakwenza nabo. Nantoni na eyeyenkubeko yeli hlabathi, imfundu, okanye nantoni na, Akazange abe nayo nento enye yokwenza nayo. Kuba? unguThixo. Kwakuyakungqubana. Ukuba Wayezame ukuhamba aye kwiziko lemfundu kwindawo ethile aze afunde into ethile apha la mabandla ehlabathi ayefunda khona, kwakuyakuthini e... Kuba, kwakungenako noku..., kwakungenako noku...kuba, kwakungenako noku...kwakungenakulandeleta konke ngokokuqonda kwaKhe, kuba Yena wayenguThixo.

Ngoko, imfundu, ukufundiswa, amaziko emfundu, nezo zinto, ngokupheleleyo zichasene nentando kaThixo. Inkqubo yemfundu iphela ichasene noThixo. Yonke into ifundisela kude

kuThixo, lonke ixesha. Xa ndisiva indoda isithi inguGqirha, i-Ph.D. L.L.Q. loo nto imenza ukuba abe akude kangako kuThixo, kum. 'Yabona? Uzifundise nje ukumka kangako koko enenen iwayebizelwe ukukwenza. Injalo loo nto.

Qaphela indlela ngoku ababeqhutywa ngayo nguMoya oyiNgcwele.

<sup>116</sup> Ngoku, oko akuthethi ukuthi abantu abafundileyo abangeni. Khangela kuPawulos. Ndiyaqikelela ukuba kwakungekho mfo wayelumkile kunoPawulos ngomhla wakhe, owayenguSawule waseTarlo. Wayefunde phantsi koGamayeli, umfundisi ongoyena mkhulu waloo mhla. Obalulekileyo, umHebhore ongqongqo, umFarisi ngehlelo. Kwaye uPawulos wayekhulele phantsi kwakhe. Wayeyazi yonke inkolo yobuJuda. Kodwa wathi akufika ebandleni, wathi, "Andizanga kuni ngemfundu yabantu, nokunjalo. Kuba ukuba wenza njalo, ngoko uyakuthembela kuyo. Kodwa ndize kuni emandleni nasekubonakalalisweni koMoya oyiNgcwele, ukuze ukholo lwenu lube kuThixo." Nantso ke. 'Yabona? Injalo loo nto.

<sup>117</sup> Baninzi abazama ukulinganisa aba bantu, kodwa bayiphixanisa yonke loo nto kanye njengokuba besenza namhlanje. Kukho owavelayo ngaphambi kwexesha likaYesu, wakhokelela amakhulu amane abantu ecaleni. Kwaye niyazi indlela ezo Zibhalo ezifundeka ngayo malunga nezi zinto, ezama ukuyenza ngaphambi kokuba ixesha libe lifikile. Kwaye abanye babo bazama ukulinganisa Yena, kwaye babekuko *oku, okuya*, okanye *omnye*. Kwaye Wathi, "Ngemihla yokugqibela, indlela ekuyavela ngayo ooKristu ababuxoki, ngemihla yokugqibela, nabaprofeti bobuxoki, babonise imiqondiso nezimanga." Sinayo yonke loo nto. 'Yabona? Kodwa oko akuyisusi into eyinene. Kuyenza nje Ikhazimle ngokungcono, ngokuba sinaye uKristu wenene, hayi owobuxoki.

<sup>118</sup> Ngoku, ngoku, siyaqonda ukuba ngoko uThixo wathumela abaprofeti baKhe. Leyo yayiyindlela Awayesisiza ngayo iLizwi laKhe ebantwini, ngemilebe yabaprofeti baKhe.

Kwaye qaphela, uyazi, uMosisi watsho, ukuba ufunu ukuyifunda loo nto kwi-Eksodus isahluko se-4, nomqolo we-10 nowe-12. UMosisi ute uThixo wathetha naye. UThixo wathetha nomntu, umlebe ukuya endlebeni. Waze wathi, "Ndilithintitha," watsho uMosisi. "Mna, andifanelekanga. A—andinakuya."

<sup>119</sup> Wathi, "Ngubani owenza umntu ukuba athethe, okanye nguBani owamenza isimumu? Ngubani owamenza ukuba abone, okanye nguBani owamenza ukuba eve? AsindiM, iNkosi?" Wathi, "Ndiyakuba nomlomo wakho." 'Yabona? Ngoko...

<sup>120</sup> Kwaye uYeremiya wathi ukuba ufunu ukuyifunda loo nto kuYeremiya 1:6. UYeremiya utshilo ukuthi, "UThixo wafaka

amazwi emlonyeni wam.” ’Yabona? Wa—wathetha, umlebe ukuya endlebeni, nomnye umprofeti; waze wathetha ngomnye umprofeti, akazange abe nakuzilawula konke, wathetha ngemilebe.

<sup>121</sup> Uneendlela zokukhupa iLizwi laKhe liphume, uyazi. Ewe, mhlekazi. Ngoko uyabona ukuba iBhayibhile iliLizwi likaThixo, hayi ilizwi lomntu.

UMosisi wathi, “UTHixo wathetha nam ngezwi, ndaze ndaMva. Ndabhala oko Wakuthethayo.”

<sup>122</sup> UYeremiya wathi, “Ndandingakwazi kuthetha konke. Kwaye, into yokuqala uyazi, imilebe yam yayithetha, kwaye—kwaye—kwaye ndandibhala.” UThixo wathetha ngemilebe yakhe, kwaza kwenzekwa.

UDaniyeli, u-Isaya, nabanye, bonke abo baprofeti babesondele ekubeni yinto enye.

<sup>123</sup> Uyazi, kwiTestamente eNdala iyodwa, kungaphezu kwamatyeli aliwaka apha abo baprofeti bathi ITSHO INKOSI. Ngoku, ukuba indoda ithi ITSHO INKOSI, asiyiloo ndoda ethethayo. Ukuba ingenza njalo, ayinakuba ngumprofeti, ingangumhanahanisi, ’yabona, kuba ayingeze loo nto (ngekhe) yenzeke; lithuba elinye kwikhulu lamawaka amaxesha, ’yabona, basenokuyiqikelela. Kodwa ukuba nguITSHO INKOSI, yiNkosi uThixo eyithethileyo.

Ukuba ndingathi, “Utsho u-Orman Neville”; umzalwana wam uthi, “Utsho uMnu. Mann”; ndingathi, “Utsho uMzalwana Vayle,” apha phandle, okanye omnye wabanye aba abazalwana, nawuphi na kuni; ndithetha oko nikuthethileyo. Ukuba ndinenyaniso, ndithetha nje oko ukuthethileyo. Kwaye la madoda, engabaprofeti, athi, “Asindim. Andinakwenza naloo nto, koko nguITSHO INKOSI.” Ngoko iBhayibhile inguITSHO INKOSI ngabaprofeti.

<sup>124</sup> Qaphela, bathabathela uMoya kaKristu phezu kwabo, baze bachaza kwangaphambili izehlo ezazizakwenzeka. Uthetha ngabachazi kwangaphambili! Bathetha ekwakuzakwenzeka kwizigaba zexesha ukuhla, njengokuba babehleli, bemile, bengqengqile, behamba noMoya kaKristu phezu kwabo, kangangokuba benza njengoKristu. Kwaye abafundi bangayifunda loo nto bacinge ukuba abo baprofeti babethetha ngeziyu zabo.

Niyalikhumbula ithenwa xa lalifunda u-Isaya 53:1 malunga nendlela, yokuba, “Uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo lwaluphezu kwaKhe, ngemivumbo yaKhe saphiliswa”? Ithenwa lathi kuFiliphu, “Uthetha ngabani umprofeti, ngesiqu sakhe okanye omnye umntu?” ’Yabona, umprofeti wayethetha ngokungathi yayinguye ngokwakhe.

<sup>125</sup> Khangela kuDavide ekhala ekuMoya, “Thixo wam, Thixo wam, Undishiyeleni na? Amathambo am, bakhangele kum, kum,” uDavide. “Bagqobhoza iinyawo zam nezandla zam,” uDavide. “Bagqobhoza iinyawo zam nezandla zam. Kodwa Awuyi kuwushiya kwelabafileyo umphefumlo wam, kwaye Awusayi kumnikela ekuboneni ukubola oyingcwele waKho,” ngokungathi uDavide wayethetha ngesiqu sakhe ukuba ungcwele. YayinguNyana kaDavide, owantshulayo, iMbewu yokomoYa eyayisiza iphuma apha. Nangona uDavide ngokwakhe wayelukhula, kodwa ngaphakathi apha kwakukho ukhozo lweNgqolowa. Niyayifumana?

Ngoko, iBhayibhile iyonke, Ayilolizwi lamntu, ingazange Ibhaliwe ngumntu, iziswe ngabantu, okanye Ayingekhe i—itihilwe ngumntu. IliLizwi likaThixo lityhilwe nguThixo ngokwaKhe, UyiToliki yesiqu saKhe ngokwakhe, uKristu eZityhila kwiLizwi ElilelaKhe.

<sup>126</sup> Khangela kuKristu emi apha emva ekuDavide. UDavide wayengenakho nokucinga ngoku. Ingqondo yayimkile kuye, njengokuba kwakunjalo. Kwaye nguYe owayejinga emnqamlezweni, njengokuba nibona umfanekiso oqingqiweyo apha; ejinga emnqamlezweni, ekhala, “Thixo waM, Thixo waM, UNdishiye ngani na? Onke amathambo aM, bakhangela kuM. Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM. Bandihlaba ecaleni laM.” ’Yabona? “Ukude ngani na Wena kum? Zonke iinkunzi zaseBhashan zindirhanqile. Bahlunguzela iintloko zabo, besithi, ‘Uthembele kuThixo, ukuba UyakuMsindisa; ngoku masibone ukuba WoMsindisa na,’” ethetha kwaloo mazwi manye.

Ngoko, uyabona, xa uThixo wenziwa wabonakala phezu komhlaba apha, Wathetha loo mazwi manye wawathethayo uDavide. Niyayifumana? Ngoko, uyabona, Ayilolizwi lamntu; liLizwi likaThixo. YayinguThixo lowo engaphakathi kuDavide; yayingengoDavide lowo. Wayengayazi into awayeyithetha; wayekuMoya kangako.

Nantso indlela uMosisi awayeyiyo. WayekuMoya kangako, wadlula kwimo awayephila kuyo, waze wema apha ubuso ngobuso, kwelo tyholo litshayo, ethetha no—no—noThixo ngokwaKhe. Wathi, “Khulula izihlangu zakho. Umhlaba omi kuwo ungumhlaba ongcwele.”

Ndiqikelela ukuba xa uMosisi wayishiyayo loo ndawo, wacinga, “Kwenzekе ntoni? Yintoni eyenzekileyo? Ibiyintoni?”

Wathi, “Yihla ungene eYiphutha. Ndiyakuhamba nawe.”

Wathi, “Yinto eyinene kangako kum, ndinyanzelekile ukuba ndiye.” Wathabatha inkosikazi yakhe nabantwana bakhe...no—nomntwana wakhe, gxebe, nentonga yakhe esandleni, wanduluka ukuhla esiya eYiphutha, ukuya kuhlangula abantu. ’Yabona?

<sup>127</sup> UThixo ethetha, ngokwaKhe, ngabaprofeti. 'Yabona, bona, bona ngokupheleleyo... Asingobaprofeti; yayinguThixo. Kuba, abaprofeti, ngokwabo, babengenakuzithetha ezo zinto.

"Ngubani na okholiwego ludaba lwethu?" U-Isaya esitsho, uyabona. "Ngubani na okholiwego ludaba lwethu? Ingalo yeNkosi ityhileke kubani na? Yena uyakukhula phambi kwethu njengenkonyana e—esitalini. Kwaye nendlela ekwathi ngayo, nangoko Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwaKhe; ngemivumbo yaKhe saphiliswa." Saphiliswa, kudala apha kwesi sigaba silapha; naku-Isaya, kudala kumakhulu asibhozo eminyaka ngaphambi koKristu. 'Yabona? "Ngemivumbo yaKhe saphiliswa," kwixesha eladlulayo, sekwenzekile, "saphiliswa." Owu, bethu!

Indlela, iLizwi likaThixo, eligqibelele ngayo! Thembelani kuLo, bantu bakuthi. Lilo kuphela into enokunisindisa.

<sup>128</sup> Onke amanye amazwi, andikhathali nokuba abekwe ngendlela kangakanani na, njani na, avela kubani na, leliphi na ihlelo avela kulo, okanye ilumke kangakanani na loo ndoda, afanelwe kukungahoywa ngokupheleleyo, nantoni na echasene neLizwi. Ukuba ufunu ukusibhala phantsi eso Sibhalo, ngamaGalati 1:8. 'Yabona? UPawulos wathi, "Nokuba sithi, okanye yiNgelosi evela eMazulwini, sishumayele nantoni na eyenye kunaLe sele niyivile, mayiqalekiswe."

Ngamanye amazwi, ukuba iNgelosi ingeza kuwe ivela eZulwini, iNgelosi ekhazimlayo ekhanyayo, ize ime; mfo, ingayilobi leyo kulo mhla, ayingebi njalo? INgelosi ekhanyayo ekhazimlayo ivele apho ime, ithethe izinto ezichasene neLizwi; uthi, "Sathana, mka kum." Injalo loo nto. Ukuba ingubhishophu, ukuba iyi...nantoni na eyiyo, ungaze uyikholelwé ukuba ayithethi ngokuchanekileyo ngokwala Bhayibhile, iLizwi neLizwi. Yikhangele, iyakukuqhuba kunye neBhayibhile. Iyakukuthwalela kwindawo ethile, ize ikubambise kanye apho. Xa ubona iBhayibhile ithetha enye into, ize yona idlule kuloo nto, yijonge kanye kuloo ndawo.

'Yabona, nantso indlela aweyenza ku-Eva. Wehla kanye wathetha yonke into ngokuchanekileyo kanye. "Kulungile, uThixo ukuthethile *oku*. Injalo loo nto, Eva. Amen. Siyakholwa yiloo nto, sobabini."

"Ke, uThixo uthethe *oku*."

"Amen. Siyakholwa yiloo nto, sobabini."

"UThixo uthethe *oku*."

"Siyakholwa yiloo nto, ngokuinisekileyo."

"Ke, kodwa uThixo uthe siyakufa."

<sup>129</sup> “Ke, ngoku, uyazi ukuba UnguThixo olungileyo.” Akatshongo Akangekhe, uyazi. “Kodwa ngokupinisekileyo...” Owu, mna! Nguye lowo.

Kwaye ukuba wayenokuqhatha ngolo hlobo, kwaye iBhayibhile ithe, “Ngemihla yokugqibela uyakulahlekisa abaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka,” simelwe kukuba siph i namhlanje, zihlobo? Ngoku, ezi zifundo zincinane zesikolo seCawe, zifanelwe kukufunqulelwa kufutshane, uyazi, ezintliziyeni zethu, ukuze sibone... Simele ukuphulaphulisisa sibone ukuba yinto elukuhla kanjani na leyo.

<sup>130</sup> Qaphela, asingekhe, asimelanga kwenza njalo, siphulaphule naliphi na ilizwi lenye indoda. Asikhathali nokuba ilumke kangakanani na, ifunde kangakanani. IBhayibhile kwiMizekeliso, ithi, “Simelwe kukulahlela phantsi ukucinga.” ’Yabona? Ngoku, nantsi imo yesibini...

Imo yokuqala zizimvo zakho zokubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, nokuva. Ezo zikumzimba wakho wangaphandle.

Umzimba wangaphakathi, ongumoya, ziingcamango neengcinga, njalo njalo. Simelwe kukulahlela phantsi loo nto yonke. Asinakubeka zizathu, sithi, “Ngoku yima, ukuba uThixo unguThixo olungileyo...” Kwaye sixelelwe kangako namhlanje ukuba Unjalo. “Ukuba UnguThixo olungileyo, ngoko ukuba ndiyakunyaniseka, nangona ndingenakuyibona loo nto eBhayibhileni ukuba ilungile, nangoko ndinyaniseke, ndiyakusindiswa.” Uyakulahleka. [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.]

<sup>131</sup> “Ukuba ndiya enkonzwensi ndenze nje izinto endikholelwa ukuba zilungile, ndizame ukubambelela koko ndicinga ukuba kulungile, ke, ndi...” Usalahlekile.

“Kukho indlela ekhangaleka intle phambi komntu, kodwa isiphelo sayo ziindlela zokufa.” ’Yabona? Awusayi kusindiswa; uyakulahleka. ’Yabona? ’Yabona? Umele ukuba ibe yiNdoda engaphakathi elawulayo.

<sup>132</sup> “Ke, ndikhe ndathetha ngeelwimi, Mzalwana uBranham. Ke, awukholelwa ekuthetheni ngeelwimi, Mzalwana Branham?” Ngokupheleleyo. “Ke, ndakhwaza; awukholelwa kuloo nto?” Ewe, mhlekazi. “Ndiphila ubomi obulungileyo boBukristu. Awukholelwa kuloo nto?” Ewe, mhlekazi. Kodwa nangoko oko akuthethi ukuba usindisiwe. Ungumntu olungileyo; ococekileyo, oziphethe kakuhle, ongcwele, umntu olungileyo.

Babenjalo abo babingeleli, bengabenkolo ukusuka embindini, bengabenkolo kangangokuba lilinye eliziswe ngendlela engeyiyo, babeyakuxulutuya bafe. Isohlwayo sokufa ukudlala ngeLizwi likaThixo yayikukufa.

<sup>133</sup> Nantso into engundonakele kwilizwe lethu namhlanje. Isizathu sokuba sibe sinezinto ezininzi kangaka eziyekelweyo

emhlabeni namhlanje, izohlwayo aziqathanga ngokwaneleyo. Ukuba indoda ibanjwe ibaleka iphuma nomfazi wenyi indoda, bafanele kukuthatyathwa bobabini beziswe phandle esidlangalaleni bathenwe, kunjalo, esidlangalaleni, bakhululwe bahambe. Injalo loo nto. Ukuba indoda ibanjwe isenza nantoni na engalunganga, isihla ngendlela, ngesantya esiphezulu, ayifanelwanga kunikwa ngaphantsi kweshumi leminyaka; sele ici...icinge ubugwinta kwangaphambili. 'Yabona? Xa nibeka izohlwayo ezinjalo kuzo, niyazinciphisa.

Kodwa xa umpolitiki othile ongaggibelelanga athe waya kufika *kulo* ngapha aze ayidlulise, athi, "Ke, ebesele kancinane, ebe...ngazimiselanga kuyenza loo nto." Aze abulale indoda, inkosikazi, neqela elipheleleyo labantwana abangenatyala, bayeke loo Ricky ahambe engenatyala, zezopolitiko ezo. Lihlabathi elo. Ngumtyholi lowo.

<sup>134</sup> UThixo wathi ukuba indoda ibanjwe ikrexeza, okanye umfazi, mabathathwe bakhutshwe apha baxulutywe bade bafe. Oko kwakuyilungisa loo nto. 'Yabona? Ukuba ibanjwe nokubanja iphakamisa ubunzima obungangentonga, ngomhla wesabatha, "Yithabatheni niyixulube." Babephila ngaloo nto ngoko. Kwaye ngoku, 'yabona, asinalo olo hloba lwemithetho namhlanje.

Kodwa aMakristu, ibandla, endithetha nalo kusasanje, loo mthetho kaThixo usentliziyweni yakho. 'Yabona? Awunamnqweno wakuyenza loo nto. Ungaphakathi apha. Ufuna ukugcina umthetho kaThixo ngokugqibelete kangako. Akunamsebenzi nokuba uyintoni na, ufunu nje ukuba koko.... Ukuba—ukuba uThixo uswele ukhuko lokunyathela emnyango, Ufunu wena ukuba ube lolo khuko lokunyathela, uyanguvuyela ukuba lulo. Akunamsebenzi nokuba kuyintoni na, ufunu ukuba lukhuko lokunyathela emnyango. 'Yabona? Nantoni na uThixo afuna ukuba uyenze, yiloo nto ofuna ukuyenza, kuba nguThixo. Ngoku, nako apha ngenene ufumana olwenene, olululo, uthando lukaThixo.

<sup>135</sup> Ngoku sifumanise ngoko, ukuba, "INgelosi ingashumayela nantoni na eyenye," ngaphandle koko ku...?...sele kuthethiwe eBhayibhileni, "mayiqalekiswe." Akukho mntu unokuyenza loo nto. Awunakuyenza loo nto; Imelwe kukuba ibe yiloo ndlela ngokuchanekileyo Iyithetha ngayo.

<sup>136</sup> Kwaye kwakhona, sifunda, kwiZityhilelo 22:18 ne-19, "Ukuba umntu uthe wongeza igama elinye kweLi, okanye wasusa iGama elinye kuLo, uThixo uyakusisusa isabelo sakhe eNcwadini yoBomi." Kunjalo. UThixo uyakusisusa isabelo sakhe, nangona ayengangumlungiseleli, nantoni na anokuba uyiyo, kwaye iLizwi lakhe...igama lakhe libhalwe eNcwadini yoBomi. UThixo wathi, "Ndiyakulicima nje lisuke," injalo loo nto, "ukuba uthe wongeza into enye kuLo, okanye wasusa iGama lalinye kuLo." Kunjalo ukungabinakuwa athe uThixo

walenza lanako iLizwi laKhe. 'Yabona? Ungongeza ebandleni, okanye ususe ebandleni. Ungakhe wongeze kwela Lizwi, okanye ususe kuLo, kuba uThixo uyakulisusa igama lakho eNcwadini yoBomi. Kwaye, kukuthi, kuphelile ngawe ngoko. 'Yabona? Awunako ukongeza kuLo, okanye ususe kuLo. Yiloo nto nje ngokuchanekileyo eyona...

<sup>137</sup> Aliswele toliki, kuba iBhayibhile itshilo ukuthi uThixo Uzitolikela ngokwaKhe iBhayibhile. "Ayizi ngokuzicombululela," watsho uPetros. Kulungile.

<sup>138</sup> Kwaye sonke iSibhalo sanikezwa ngokuNgcwele, sabekwa ngolungelelwano ngobuNgcwele, kwaye iyonke loo nto isityhilelo sikaYesu Kristu. ITestamente eNtsha neNdala, apha babexele kwangaphambili ngokuza kwaKhe, into Ayakuyenza Akufika apha, noko Ayakukwenza kwesi sigaba siyakuza. Ngoko loo nto imenza ukuba abe nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. 'Yabona?

NjengakumaHebhore phaya, apha uPawulos wayibhala khona. UnguThixo, "UYesu Kristu izolo," weTestamente eNdala. Ungu "Yesu Kristu namhlanje," ebonakalaliswe esenyameni. "Kwaye UnguYesu ngonaphakade," uMoya, "oyakuza." 'Yabona? 'Yabona? "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

Kwaye Uhlala ephilele ukwenza iLizwi laKhe liphile oko Lathi Liyakukwenza kweso sigaba sexesha. Uyaphila.

<sup>139</sup> Wayephila kwiTestamente eNdala, ebonakalaliswe. Ndifuna nje ukuba nibone into encinane apha, ukuba ningayinyamezela. Khangela, xa uYesu wayebonakalaliswe kwiTestamente eNdala, njengokuba sikholwa kuloo nto.

Ngoku, nina bashumayeli balapho phandle, ningaphika malunga naloo nto, nenze nantoni na enifuna ukuyenza, kodwa ndithetha kwaphambi...oko ndikucingayo. 'Yabona?

<sup>140</sup> Xa uYesu wayebonakalaliswe kwiTestamente eNdala, kumzimba wokomoya, kumntu onguMelkitsedeke; ingebobupriste, koko ingumntu, iNdoda. 'Yabona? Kuba, le Ndoda yayingekazalwa, kodwa Yayikumzimba womoya, ngoko Yayingenayise, ingenanina. InguThixo ngokwaKhe. Yayibonakalaliswe ikwimo yeNdoda, ibizwa ngokuba "nguKumkani waseSalem, onguKumkani woXolo, noKumkani woBulungisa." 'Yabona? YayinguMelkitsedeke. "Yayingenayise nanina, isiqalo semihla okanye isiphelo sobomi." 'Yabona? YayinguYesu ekumzimba womoya, ekwimo yeNdoda. Nibe nokuyifumana loo nto? Kulungile.

<sup>141</sup> Kwaye Wensiwa eneneni wayinyama yomntu, wahlala phakathi kwethu, kuBuntu bukaYesu Kristu ngokwaKhe, ezelwe yintombi uMariya. Weza ekuloo mo ukuze Abe nokufa, wabuyela emva eZulwini.

Ngoku kule mihla yokugqibela, Uthembise ukuZibonakalisa ekwinzaliseko kwakhona, yenyama yaKhe, ekuMoya. 'Yabona? "Kuba njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo eKuzeni koNyana womntu." Ngoku khangela eSodom, indlela izinto ezaziyiyo, nento eyenzekayo. Kwaye uYesu Kristu ebonakalaliswe ekwimo yomzimba, neyebandla laKhe namhlanje, 'yabona, esenza kwa ezo zinto, loo misebenzi minye, ezo zinto zinye Wazenzayo lonke ixesha, engaguquki, Lowo unguNaphakade. 'Yabona? Kwaye phezu komhlaba namhlanje, uZibonakalalisile ekwimizimba yobuntu, imizimba yethu yobuntu Awayibizayo, waza wenza kanye loo nto inye Wayenzayo kumaxesha amandulo, ngamaxesha enyama yaKhe phezu komhlaba. Esenza kwaloo nto inye namhlanje, ngokuba, "UThixo wayethethile nje kwimihla yamandulo koobawo bethu ngabo abaprofeti, uthethe ngale mihla yokugqibela ngoNyana waKhe, uYesu Kristu." "Yabona, uNyana etyhilwe kwimihla yokugqibela, uThixo ebonakalaliswe enyameni yomntu, eheli nje phambi kokuba iSodom itshatyalaliswe, isipheho sehlabathi leeNtlanga. Niyayibona?

Kukho ukubonakalalisa okuthathu.

<sup>142</sup> Ngoku, into elandelayo eyenzekayo, kuxa sele kuhlanganiselwe konke kuloo Mntu mnye, uYesu Kristu, uMtshakazi noMzimba, ekubuyeni ngokwenyama kweNkosi uYesu. Esenza amaxesha aKhe amathathu...Xa Weziswa phezu komhlaba; wabulawa, wabethelelwa, wavuka. EZibonakalala ekwimo yoMzimba waKhe, onguMtshakazi waKhe wona, uMfazi. Niyayifumana? Yena uyinxalenye yomzimba waKhe.

Kwaye umfazi nendoda basondelelene ngokukhulu, ade ngokusondeleyo nje...Bayinto enye. Bamelwe kukuba yiyo, nakanjani na. Ngabo abo, 'yabona, babonakalaliswe nje beyinto enye. Umfazi uyinxalenye yakhe, ngokuba wathatyathwa kuye.

Kwaye uMtshakazi namhlanje uthatyathwe wakhutshwa kumzimba kaKristu, wona usebenza usenza ngokuchanekileyo kanye njengokuba Yena wathi Uyakwenza kulo mhla, uMtshakazi, uKumkanikazi; uKumkani noKumkanikazi. Kulungile.

Siphelelwa lixesha ngoku, ngoku sizakukhawulezisa sigqibe.

<sup>143</sup> Kulungile, iBhayibhile iphela isisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu, eZazisa kwisigaba ngasinye sexesha. WaZazisa ngemihla kaLuther, njengesiseko; ibandla, unyawo, imilenze.

Njengokuba Wenzayo kuKumkani uNebhukadinetsare; niyakhumbula indlela awaphupha ngayo loo maphupha,

kwaye ayesuka entloko ukuhla? 'Yabona? Ngoku Weza ukusuka ezinyaweni ukunyuka. 'Yabona? Kubukumkani baseBhabhiloni Wabonisa zonke ezo zinto zeTestamente eNdala, Wesuka entloko ukuhla, wade Wehla wade uThixo ngokwaKhe waba yinyama ezinyaweni zenqwanqwa. Ngoku apha kwiTestamente eNtsha, UZibuyisela emva phezulu kwakhona, eNtloko kwakhona, iNtloko yegolide, eza kuthweswa isithsaba. 'Yabona? Khangela. Niyayifumana?

'Yabona, uThixo wayekho ekuqalekeni, kwaye Wahlala esihla njalo, ngabaprofeti, konke ukuhla, wade uThixo ngokwaKhe wangumntu njengathi, ukuya kutsho ezinyaweni zenqwanqwa, usana luzalelw esitalini; ethiyiwe, waliwa, wadelwa, enegama elibi, nayo yonke into Aweyeyiyo; ngoko Waqala ukunyuka, 'yabona, kwaze ukusuka ezinyaweni Waqala ukwakha iBandla, uMtshakazi, ebuyela emva, ukuya emva, ke ngoku ephuma ukuya kungena kwilitye leNtloko, apha kuthi kuLangane konke kwenze uMzimba omnye omkhulu otshintshekileyo kaYesu Kristu.

<sup>144</sup> UThixo utsyhilwe kwisigaba ngasinye sexesha ngeLizwi laKhe lesithembiso kweso sigaba. Ngoku masikhangele nje ukuba ziyintoni na ezinye zezithembiso zakhe zanamhlanje, ngeli thuba sivalayo ngoku kula mazwi okugqibela.

<sup>145</sup> Ngoku uThixo uyaZityhila ngexa lokuKhanya kwangokuhlwa. Masibone ngoku. Siyabona . . .

<sup>146</sup> Ndineqela nje leZibhalo endizibhale apha. Njengokuba ninokubona kweli phepha, ukuba zininzi kangakanani na iZibhalo ezibhalwe apha. Kodwa, sishiyekelwe malunga neshumi elinesihlanu lemizuzu kubethe eyeshumi elinesibini. Ndifuna ukuphuma. Kwaye andikhange nditshe lizwi, ngale ntsasa, xa bendithetha. Ngamanye amaxesha ezi zixhobo zokungenisa impepho zilapha zindenza nditshe iLizwi mpela.

Ngoko ukuba uMzalwana Neville aka . . . Awunanto unayo yangokuhlwanje? [UMzalwana Neville uthi, "Hayi."—Mhl.] Kulungile, kulungile, ndiya . . . Ukuba kulungile, ndinayo into ethile. Ndifumene ipakethe yesigarethe, ngenye imini, ilele etyholweni; ndaze ndafumana uMyalezo kuloo pakethe yesigarethe, wangokuhlwanje, iNkosi ithandile. 'Yabona?

Ngoko, ndifumene ezi Zibhalo zilapha. Kwaye andifuni kuqhube ixesha elidluleyo, ukuze nibe nako ukubuya.

<sup>147</sup> Ipakethe yomdiza, ithetha. Kulungile. Bendiqala ukuphumela ematyholweni, kwabe kulele apha ipakethe yesagarethe, ndaze ndahamba nje ndemka. Ndacinga, "Kulungile, kukho umntu ongaphambi kwam."

Yaze iNto ethile yathi, "Buyela emva uchole laa nto."

Ndacinga, “Ndichole ipakethe yomdiza? Hayi mna.”

INto ethile yathi, “Jika uchole la pakethe yomdiza.”

Ndaze ndehla, kwabe kukho loo pakethe indala ingenanto, ndaze ndabona okuthile. Ndiyakunixeleta ngako, ngokuhlwanje, iNkosi ithandile. Kulungile.

<sup>148</sup> Ngoku sizakuthetha ngeZibane zangokuhlwa, okwemizuzwana embalwa. IBhayibhile ixele kwangaphambili ukuba kuyakubakho ixesha, kanye ekuvalweni kwexesha, apho ilanga liyakucima, kwaye kuyakubakho iSibane sangokuhlwa. Siyayazi sonke loo nto. Asiyazi? Thina, si... Thina siqheleneyo noMyalezo wethu namhlanje osuka kwiNkosi uYesu, siyakhola ukuba kuyakubakho iSibane sangokuhlwa. Kwaye esi Sibane sangokuhlwa...

Kakade, iSibane esikhulu siyakufika xa uYesu ngokwaKhe eyakuba ebonakalalisiwe apha phezu komhlaba, okanye phezulu eMazulwini, ethabatha emke noMtshakazi waKhe, ukuze ngoko iMillenium uphumlo lwewaka leminyaka lungene.

<sup>149</sup> Kodwa sinawona maxesha oyikekayo esiyakuphumela kuwo, awakhe aphambi kwabantu. Kwaye ndilinnde nje loo yure, ukuze xa sithe sanokufumana...wonke umntu angalifumana ithuba apho anokuthabatha ikhefu emsebenzini sichthe iintsuku ezimbalwa, kwaye singalungisa kwindawo ethile apho ndinokuthetha ngezo Zibetho nezinto ezinjalo eziyakuwa ngemihla yokugqibela; ukuze ndiphose malunga neveki ezimbini okanye ezintathu ndizihlanganise, ndihlanganise yonke loo nto, ukuba iNkosi ivumile ndaphila ukuze ndiyenze loo nto yaze yandiphefumela ukuba ndenze njalo, sibone ukuba ezo zinto ziyakujulwa phakathi na, nezo Ndudumo. Ngoko uyakufumanisa ukuba la ndoda naba bantu bebephupha ngazo, nazo zonke ezo zinto, ziyakwenzeka; 'yabona, uyakuqaphela ukuba ziziyhile ntoni na, okwa kududuma kukhulu kusiza kuphuma e—esibhakabhakeni. Ngoku, kakade, lonke eli qela lenu, niyazi ukuba ndiyazi ukuba oko—oko kuthetha ntoni na, uyabona. Kwaye, kodwa masilinde nje lide lifike elo xesha, uyabona, ukuze kwenzeke, 'yabona, ngoku, kwaye kuyakuba kungethuba elifanelekileyo kungaphezulu.

<sup>150</sup> Ngoku, ngoku sizakufunda ezinye zezi—zezi Zibhalo zilapha. Ngoku, ngexa langokuhlwa iZibane zifikile, ngoku, siyaqaphela ukuba ziyakufanela ukuba zibe kwasiSibane esinye esasikho ngexesha lakusasa.

Kuba, akukho langa lilelinye kusasa kuze kubekho elinye ilanga emva kwemini. Lilanga elinye. Lilanga elinye emva kwemini nelo lakusasa; liyinto enye kusasa njengokuba linjalo emva kwemini.

Ngoku, Ithe, "Imini ngokwayo," usuku oluphakathi kwelo xesha, "luyakufuna, owu, kufana neyosizi, imini emnyama. Ayinakubizwa ngokuba yimini okanye ubusuku, iphakathi kwezo zinto."

<sup>151</sup> 'Yabona, oko kukubunjwa koMzimba, ukusuka ezinyaweni, ukunyuka. Xa Wayelapha phezu komhlaba, WayenguNyana, ukuKhanya, waze Wabulawa. IBandla lathabatha indawo yaKhe, kwallandela ukufela inkolo kwaya kumphumela kwiZigaba zoBumnyama, kwaqaliswa ukwakhiwa kwesiseko ukuphuma apho. Ngoko kuvelaphi ukubona? Kumphezelu wentloko.

'Yabona loo mbono; uNebhukadinetsare? 'Yabona Yena esihla, ukusukela ekuqalekeni kwesigaba seNtlanga ngaphambi kokuba zibe zaphalazelwa iGazi zenzelwa isicamagusho. Zazingabangaphandle abangeniswayo. Kodwa yiqaphele ukuba yehla, yehla kanye, yaya kufika emazantsi, ingumzekeliso, 'yabona, yehliswa.

Ngoko yaqaliswa kwakhona, yabuyela emva, iBandla labuyela emva ukusuka ezinyaweni, ukunyuka. Ngoku lixesha leNtloko—ixesha lentloko. Ngoku kuqaphele ukuKhanya.

<sup>152</sup> Awunako ukubona ngezandla zaKho, nangona ziyxinalenye yomzimba. Awunakubona ngendalebe, kanti iyeva. Awunako ukubona ngempumlo, kanti iyajoja. Awunako—awunako ukubona ngemilebe, nakubeni ithetha; 'yabona, yayisisigaba sakwaMoya. Kodwa ngoku lixesha leliso, ukubona. 'Yabona? Ngoku, akukho lungu lishukumayo ngaphaya kweliso. Ingaba kunjalo?

Into elandelayo bubulumko obunguKristu ngokwaKhe, olawula uMzimba uphela.

Akukho kushukuma, ntshukumo ngaphaya koko. 'Yabona? Yonke enye into ibishukuma. 'Yabona? Uyalishukumisa unyawo Iwakho, uyazishukumisa izihlunu zemilenze yakho, ushukumisa yonke into. Ushukumise ezakho... Iindlebe zakho zingashukuma, impumlo, imilebe yakho, njalo njalo. Kodwa wakugqitha kumehlo akho, akukho nto ishukumayo.

Yiloo nto babanga ukuba umntu ubanempandla ngokukhawuleza, ngokuba, 'yabona, akukho ntshukumo yakuvelisa izihlunu e—ezinweleni, intlonze. 'Yabona? Ayinamqamelelo ukuze unyuse igazi lingene apho. Igazi alityhaleki liphumele, 'yabona, aliyi kunyuka lilungise igazi. Kakade, i—ingcambu zeenwele ziphila ngegazi.

Ke ngoku sifumanisa ukuba elo lungu, uyabona, akukho nto ingaphaya kweliso.

<sup>153</sup> Ngoku masifumanise. "Kuyakubakho ukuKhanya" (malunga nemini enkulu?) "ngexa langokuhlwa!"

Kuthunyelelwe ntoni ukuKhanya? Ukuze nibe nokubona apha ni... nibe nokujikeleza. Ingaba kunjalo? Nibone apha nikhoyo. “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.”

<sup>154</sup> Ngoku, sithabatha loo nto siyithelekise ngapha noMalaki 4. Wathembisa ukuba kuyakubakho ukuKhanya kwakhona ngexa langokuhlwa, ‘yabona, “Kuba, yabonani, Ndiyakunithumela u-Eliya umprofeti, yena uyakubuyisela a—abantwana kooyise nooyise kubantwana,” (ingaba kunjalo?) “hleze Ndize ndilibethe ihlabathi ngesiqalekiso.”

<sup>155</sup> Ngoku masithabathe uYohane okanye... ULuka oNgcwele 17:30, sikhangele ukuba yintoni na awayiprofetayo apha uYesu, esithi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubayinto enye...”

Ngoku khumbula, qaphela, ngoku kukwilixa apha uNyana womntu ayakutyhilwa khona; ukutyhilwa koNyana womntu. Ngoku, uNyana womntu wayetyhiliwe ngeliphandle eneneni, okwemizuzwana nje embalwa apha, kanye nje phambi kokuba iSodom itshiswe. Ngoku, loo Ndoda yayingu-Elohim. YayinguThixo lowo; kwaye uYesu unguThixo. Ke uThixo watyhilwa ngokuphandile kanye apha okwemizuzwana embalwa, ukuze athethe no-Abraham, ekuphandeni malunga nomgwebo. Kancinane nje, uNyana womntu wayetyhiliwe; uNyana womntu, u-Elohim. Niyayibona, bandla? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UNyana womntu, u-Elohim, watyhilwa nje okwemizuzu embalwa. Kuba, kwangentsasa elandelayo yatshiswa, (nini?) ngaphambi kokuba ilanga liphume kwakhona.

Ngoko ke akusekho mbutho ushiyekileyo, kungenakuze kubekho nakuqhubela phambili kokunye kunoko kuqhubeke khona ngoku, kuba liyakutsha ngaphambi kokuba kuthi qheke ukusa kwakhona. Imvuselelo iphelile, kwisizwe sonke. Akusayi kubakho zimvuselelo zinye, ukutshayela okukhulu kweemvuselelo; eziswe asikwamkeli. Nisenokuba nayo intlangano yobulumko. Kodwa, ndithetha, imvuselelo yoMoya, siyibone iyonke. Ndiyathemba ukuba niyabamba. Ndiyithetha le nto ngendlela endi—endithemba ukuba niyayifumana ngayo. ‘Yabona? Iphelile.

Umlungiseleli olulungileyo, kwithutyana elidlulileyo, wathi, “Mzalwana Branham, ukuba nje bendinokuvuya uvuyo lweNkosi entliziyweni Yam!”

Ndathi, “Nyana, imvuselelo iphelile.” ‘Yabona?

<sup>156</sup> Ngoku izixhasi sele zifakiwe kwinqanawе. Amaza amakhulu awoyikekayo aphumele apha phambi kwethu; kodwa siyazi, ngaphesheya nje kwelo liza, sisondela elunxwemeni. ‘Yabona? Sisondela elunxwemeni. Hlala uzinzile nje. Hlala eLizzini nje. Hlala noThixo. Akunamsebenzi

nokuba uziva njani na, nokuba nantoni na, nokuba nantoni na eyenye; hlala kanye neLizwi. Ma—ma—malihlale lizinze, xa ubona onke la mafu makhulu madala esingqongile, neenqwithelo zekhephu zisiza, neziqhushumbisi ze-atom, nayo yonke enye into abathetha ngayo. Kodwa isixhasi sethu sithe ngqo kanye kwiLizwi. UThixo wathi siyakubalapha; siyakudada kuwo wonke ngamanye. Ewe, siyakuwelela ngaphaya phezu kwayo. Ewe, ngenene! Wona, akanakusintywilsela. Akanakusirhaxa. Sifakeni engcwabeni; siyakuphuma kwakhona. Nantso nje into ekuphelele kuyo. Akukho ndlela ehlabathini yakuyigcina apho phantsi. Siyakudada phezu kwavo onke ngamanye, kuba uMphathi oyiNtloko wethu usibizela kweliya cala.

Similiselwe kuYesu, iinkqwithelo zobomi  
siyakukhalipha kuzo;  
Ndimiliselwe kuYesu, andisayi koyika moy  
namaza;

<sup>157</sup> Nantoni na ekunokuba yiyo, mayize. Kungayintoni na, yintoni na ezayo, oko akwenzi kwamahluko. Similiselwe kanye apho ngaphakathi kuYesu. Ukuba ndiyaphila, ndiphilela uzuko lukaThixo. Ukuba ndiyafa, ndifela uzuko lukaThixo. Ndi—ndi—ndifuna nje... Ukubhekisa kuzuko lukaThixo, yiloo nto endifuna ukuyenza. Xa konke kuggityiwe, andifuni kuba sahlala. Ndifuna ukuya apho... kumvuzo wam Awandithengela wona; hayi endiwuzuzileyo, kodwa Awandithengela wona, Ayakundipha wona ngobabalo lwaKhe.

<sup>158</sup> Ngoko sibona ukuba ukuKhanya kwangokuhlwa kulapha. Kwaye kwenza ntoni ukuze kuKhanye, ukuba awunawo kwamehlo akubona ukuba ungajikeleza kanjani na kuKo? Yintoni ukuKhanya kwangokuhlwa? UkuKhanya kuyaphuma, khona ukuze kutyhile into ethile. Ingaba kunjalo? Ukuba kukho into ethile apho, ube unokuyichukumisa ungayiqondi ukuba yintoni na, ebumnyameni, ngoko khanyisa isibane. Sesokutyhila! uMalaki 4 ngowokwenzani? 'Yabona. Wenza kwaloo nto. Yayikokwantoni ukutyhilwa kwaMatywinwa aSixhenxe, apho onke la mahlelo akhubeka khona jikelele kule nto...?... Kukutyhila, ukuvvelisa. Ukuba awunawo amehlo, ngoko nalo uncedo lokutyhila? Kumele ukuba kubekho amehlo, kuqala, okubona. Ingaba kunjalo? Ukutyhila uMalaki 4, kutyhilwe uLuka oNgcwele 17:30, uYohane oNgcwele 14:12, noYohane 15:24, 16:13. Kwaye kananjalo kutyhilwe iZityhilelo 10:1 ukuya 7, ukutyhilwa kwaMatywinwa aSixhenxe, noMyalezo wesithunywa sesixhenxe; ukuvula, ukutyhila, xa ukuKhanya kwangokuhlwa kufikile. Ngoku ukuba indoda...

<sup>159</sup> KwiSigaba saseLawodike, abantu babe (yintoni?) "babeze." Ingaba banjalo? "Zimfama." Kunceda ntoni ukuKhanya kumntu oyimfama? Ukuba imfama ikhokela

imfama, azisayi kweyela emhadini zonke? “Bahamba ze, bezimfama, babe bengayazi loo nto.” Nkqu namalungu abo engqondo aphelile, amalungu abo omoya wengqondo, ukuqonda ngokomoya. ’Yabona?

“Abazithandayo, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo; abaqhankqalazi, abatyholi, abangenakuzeysi, nabadelela abalungleleyo; benokumila kokuhlonela uthixo, koko bewakhanyela aMandla aka.” Amandla esityhilelo; abawakholelwa nokuwakholelwa. ’Yabona? Abakholelwa kwizinto ezinjengabaprofeti. Ngoko ke abawakholelwa. Bakholelwa ukuba—ukuba uMalaki 4 uyakuba libandla elithile okanye umbutho othile.

Ekuzeni kwakhe kwixesha lokuqala, wayengumntu. Xa weza kwixa lesibini, nokuphindwe kabini, wayeyindoda. Xa weza kwimo kaYohane umBaptizi, wayengumntu. ’Yabona?

Ngemihla yokugqibela, xa iZibane zangokuhlwa ziqalisa ukuKhanya, amehlo ayakuvuleka, kwaye niyakubona aphemniyayo. Ngoko uMzimba sele ubunjiwe, umi ngeenyawo zawo, uthabatha inyathelo, ushukuma ngoMoya oyinNgcwele. Yintoni? KwaLowo mnye washukuma phezu kwabaprofeti ababhala iBhayibhile, kwaloo Moya oyinNgcwele mnye ushukuma kuMzimba ozaliswe nguMoya oyinNgcwele, uhamba ukuMoya oyinNgcwele, uphuma kuwo wonke umbutho, zonke iintlanga, iilwimi, nabantu.

<sup>160</sup> Inenekazi elincinane apha, asilolalombutho, okanye lo mbutho,...alilolalapha kweli bandla. Livela kwindawo eyenye, kwaye liye langena kusasanje, lathabatha umfanekiso phaya. Beli...lawunika unyana wam, othe wamangaliswa kakhulu. Andazi nokuba likhe neva na ngaloo Nto okanye hayi. Andazi? Belinomfanekiso wale Ngelosi yeNkosi eyayikwiZigaba eziSixhenxe zeBandla, aMatywina aSixhenxe evuliwe, phaya phandle, ekwenzenkeni kwaloo nto. Lathi, lakhangela phaya emva, laze layibona loo nto imi esibhakabhakeni, ephupheni. Laza lakhangela ngemva aphemniyayo layibona, labona umntu othile okwezimhlophe, ematsha ebheka phambili; wabe ke emva koko, lithi kwakhangeleka.... Lathi, “Mzalwana Branham, ibinguwe.” Laze lathi, “Umatsha ngaphakathi aphemniyayo,” lathi, “emva kwakho, bekukho abantu bemibala eyahlukeneyo, bephethe iiflegi; iGeorgia, i-Alabama, zonke iindawo ezahlukeneyo, bematsha besiya phambili,” benyuka bengena kubuntloko aphemniyayo uKristu ebetyhilwa khona kuloo mbono. Owu, haleluya!

<sup>161</sup> Sikwimihla yokugqibela, nakwiiyure zokugqibela zemihla. NiyaMbona ngoku eLizwini laKhe, neLizwi laKhe libonakalaliswe kanye lonke phambi kwethu? Owu, Bandla likaThixo ophilileyo, yimani ngenyawo, kholwani kuYe ngako

konke okukuni. Bambelelani kwelo Vili lincinane liphakathi evilini, phaya Liqinise konke ukuhamba nayo yonke intshukumo eniyenzayo. Yonke ingcinga eninayo, yanga ingalawulwa yile Bhakane ingaphakathi kwenu. Ngokuba, uThixo uhleli kanye kwiLizwi laKhe lale yure, ekuKhanyeni kwangokuhlwa, ebonisa ukuKhanya.

<sup>162</sup> Ubumfama belulwane! Ungasikhanyisa isibane, kwaye ilulwane—ilulwane liyakuba yimfama kangangokuba lingakwazi ukubhabha. Isikhova esikhhalayo, zonke ezo zinto zifathula ebusuku, nezinto ezinjalo, amaphela nezinye izinto, akaboni emini. Akazi ukuba kumalunga nantoni na. Akaboni.

Kwaye iZibane zangokuhlwa zivelile. Mzekelo ngamnye, kuyo yonke indawo esiya kuyo, kwindalo, eBhayibhileni, nakwi—kwimifanekiso eqingqiweyo yoMelki...awathi uDaniyeli wayibona, kunye—kunye nokumkani waloo mhla, bonke babona; nazo zonke ezi zinto, wonke umntu, yonke imo, yonke intshukumo, yonke indawo eMzimbeni, ibekwe ngokwendawo yayo isibonisa kwa iyure esiphila kuyo. Akukho ntshukumo iyenyen inokuza ngentla kwayo.

Kwakukho intshukumo yesandla; ububele, uWesley. Kwakukho intshukumo, yesiseko; uLuther. Ububele, akuzange kubekho enkulu kunaleyo; yayibizwa ngokuba yintshukumo kaWesley. Bathumela abaseki mabandla kulo lonke ihlabathi. Eyona inkulu kwiintshukumo ezakha zenziwa, kweso sigaba ngaphambi koko.

Kwaze kweza isigaba sakwaMoya; kwaze kwangena kwiminwe eyahlukeneyo nezinto ezinjalo, isigaba sakwaMoya, seelwimi, nempumlo, njalo njalo.

Ngoku kusemehlwani. Bekuyakunceda ntoni ukuswela kwakho amehlo, okanye ukuswela ukuKhanya, ukuba loo mehlo ebengekho ukuze abone? Kumelwe ukuba kubekho amehlo, kuqala, okubona. Ke ngoko xa kuthe kwafika, Wawavula aMatywina aSixhenxe watyhila ukukhanya kwangokuhlwa, ethabatha zonke iimfihlelo ebezifihliwe kuzo zonke ezi zigaba zebandla, waze ngoku wazityhila njengokuba Watembisa ukuba uyakwenza njalo kwiZityhilelo 10:1 ukuya-7. Naku sihleli namhlanje esizikithini seLizwi, kwaye iLizwi lityhilwa kuthi nguYesu Kristu. Ngoko, *Eli* liLizwi likaThixo.

<sup>163</sup> Kwaye ukuze sibe ngabakhonzi baKhe, simele kukuhamba ngokusondeleyo kuMbhalli, ukuze siLiqonde, ukuze Libe nokutyhilwa. “Owu Nkosi, Uyakuthanda ukuba mna, ndenze ntoni? Ukuba ndimelwe kukuya emasimini ndishumayele iVangeli, okanye ndihlale ekhaya? Akunamsebenzi nokuba yintoni na, ukuba ndimelwe kukuba yinkosikazi elungileyo yekhaya, ukuba ndimelwe kukuba ngumama olungileyo ukuba ndimelwe kukuba *koku*, *okuya*, okanye *okunye*, nantoni na

ekuyiyo, ukuba ndimelwe kukuba ngumlimi, ukuba ndi... Nokuba yintoni na ekuyiyo, Nkosi, yintoni Ofuna ukuba ndiyenze?"

<sup>164</sup> Yayingengo Sawule owakhwazayo phaya ezantsi, "Nkosi, yintoni Ofuna ukuba ndiyenze?" Wayesezantsi e-... kwindlela yakhe yokuhla ukuya—ukuya kufaka ibandla lonke entolongweni. Kodwa ngoko wakhwaza, "Uyakuthanda ukuba Ndikwenzele ntoni na?" Xa ukuKhanya kwavelayo, njengeNtsika yoMlilo enkulu kujinga phezu kwakhe. "Uyakuthanda ukuba Ndikwenzele ntoni na?"

<sup>165</sup> Cinga, liLizwi elilungileyo ukuba kuvalwe ngalo elo, wathi, "Nkosi, uyakuthanda ukuba Ndikwenzele ntoni na? Xa ndibona esi Sibhalo sityhilwe ngokugqibelete kangaka kanye ngoku; Nkosi, uyakuthanda ukuba Ndikwenzele ntoni na?"

Masithobe iintloko zethu.

<sup>166</sup> Ndicela ukuba ngamnye olapha nihlolise iintliziyo zenu ngoku nibuze lo mbuzo, "Nkosi, uyakuthanda ukuba Ndikwenzele ntoni?" Kwaye nina bantu, ukuba nisekwiingingo zomnxeba kuyo yonke indawo kwesi sizwe, thobani iintloko zenu nicele, "Nkosi, Uyakuthanda ukuba ndenze ntoni na? Sibona nje ukuba silapha kwimihla yokugqibela nakwiyyure zokugqibela, ngokugqibelete kangako phambi kwethu, ityhilwe ngokucace kangako, Uyakuthanda ukuba ndenze ntoni na?"

<sup>167</sup> Thixo Othandekayo, ngeli thuba baKubuza loo mbuzo; ndiyabuza, okwam, kuWe, oko Uyakuthanda ukuba ndikwenze, Nkosi, njengokuba ndiqonda ukuba suku ngalunye lumelwe kukuba kuperhendulwe ngalo. Kwaye ndiyathandaza ukuba Undincede, Nkosi, ukuba ndiphile ngokokuze mini nganye, ukuba iyakubalelw kwintloniph nozuko lwaKho.

Ndithandaza ukuba uncede wonke umntu kwesi sizwe siphela, nabo balapha bakhoyo emnqubeni, ngoku sihlola iintliziyo zethu sisithi, "Nkosi, yintoni Oyakuthanda ukuba ndiyenze? Ndinokwenza ntoni, Nkosi, ukuqhubela phambili uBukumkani baKho neNjongo yaKho?" Ndiphe oko, Thixo.

Sihlole, iintliziyo zethu uzivavanye. Ukuba kukho ubugqwetha obuthile kuthi, Nkosi, nakuphina ukuzicingela, naziphi na iimpembelelo ezingalunganga okanye iinjongo, Owu Thixo, sicoce ngeGazi loNyana waKho, uYesu Kristu, sithi ngokuthobeka samkele intethelelo yaKhe yokufa kwaKhe novuko lwaKhe. Sithi sigwetyelwe ngokukholwa ukuba Yena wakwenza oku samkele ngovuyo icebo losindiso Aphise ngalo, kuthi.

Bawo, siyaKubulela ngoMyalezo walo mhla, oko sikukholelwayo noko sibambelele kuko, ukwazi nokukholwa

ukuba kuliLizwi laKho noMyalezo waKho. Ingeko kuba sifuna ukwahluka kwabanye abantu, kodwa kukuzama ukufana noYesu Kristu ngakumbi Yena ungumzekelo wethu.

<sup>168</sup> Thixo Othandekayo, kulele apha iitshefu, kwaye kukho abantu abagulayo kuyo yonke indawo. Nam ngokwam, Nkosi, ndiyazama ndidinwe ndiphelile kusasanje. Ndiyathandaza ukuba Usincede, Thixo othandekayo. Sikhangele kuWe amandla. UngaMandla ethu wena. Usincede ngokuninzi kakhulu, Thixo othandekayo.

<sup>169</sup> Ngenye imini, ndicinga phaya ezantsi ematyholweni, ndihamba ndijkeleza noMzalwana Banks Woods, xa oogqirha... Intliziyi yakhe yayikwimeko embi kangangokuba kwakunzima ukuba ahamba-hambe. Ngoko cinga indlela e...kwakukuncinane endandikwazi aphi phezulu, ndihamba kwezo ntaba emva kwaloo mbono, “Ndimelwé kukuyifumana laa ngonyama. Mandiyibone ibulawa laa ngonyama.”

Ndaze ndathi ndisihla aphi, ndimi aphi eTuscon, kwiFurr's Cafeteria, ndibona impahla zakhe zirhuqa phantsi namehlo akhe erhoxile. Ndathi, “Thixo, ukuba Ungabonisa umbono, wokuba iphi na ingonyama, qinisekileyo Unako ukubonisa malunga noMzalwana uWoods.”

Kwaze kwafika, “Beza izandla zakho phezu kwakhe.”

Kwaye nguye lo namhlanje, ebuyele, uMzalwana wethu uBanks kwakhona, omelele, ebaleka enyuka esihla ezo ntaba. Indlela esiKubulela ngayo, Thixo othandekayo. UsekwanguThixo omnye kuthi sisonke njengokuba Ubuyakuba nguye kuMzalwana Woods. Ndiyazi ukuba Uyamthanda, ngokuba usisicaka saKho, ethembekile enyanisekile.

<sup>170</sup> Kwaye ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba usebenze nomntu ngamnye kuthi, uxolele izono zethu, uphilise izifo zemizimba yethu. Senze sifane naWe ngakumbi, usuku nosuku, Nkosi, side sifike kumfanekiselo ozeleyo kaYesu Kristu. Siphe oko, Nkosi. Ndiyathembra ukuba Uhlole yonke intliziyi, ngoku, kwaye uyazi ukuba siyakwenza ntoni na. Sicela ukuba Usisikelele ngoku, eGameni likaYesu.

<sup>171</sup> Kwaye ngoku sithobe iiintloko zethu, ingaba kukho abakhoyo apha, okanye ngaphandle kwi—kwilizwe lomnxeba kuso sonke isizwe, abayakuthanda nje ukuthi, ngeli thuba uthandazayo nentloko yakho ithotyiwe, uphakamisele nje isandla sakho kuThixo ngoku. Nantso kuphela into onokuyenza; kuxinene apha kusasanje. Phakamisela nje isandla sakho kuThixo, uthi, “Thixo, ndenze ndifane noYesu ngakumbi. Ndi—ndifuna ukufana noYesu ngakumbi.” UThixo akusikelele. Ngaphandle ekungeneni kuso sonke isizwe, yinyakanyaka nje edibeneyo isandla kuyo yonke indawo. Kananjalo, esam siphakanyisiwe. “Ndifuna ukufana naYe

ngakumbi. Ndihlole, Nkosi, ufumanise ukuba kukho bubi buthile na kum; ubukhuphe. Ndi—ndifuna...” Yintoni? Silapha nje okwethutyanan, kanti sizakuhamba nokuba u...nokuba, akunamsebenzi nokuba uyintoni na, utebe kangakanani, ulihlwempu kangakanani na, uselula kangakanani na, umdala kangakanani na.

<sup>172</sup> Ndimile izolo kwe—kwencinane, iqela elilusizana lwabantu emva phezulu ezintabeni, ezantsi...emlanjaneni. Bekukho usapho oluncinane apho, indoda ebendithetha nayo ngoThixo, ithuba elide kakhulu. Ndehla, inkosikazana yayo, abantwana abasixhenxe okanye abasibhozo; yona, incinane nje, uswazana lwento, apho ngaphandle izama ukusebenzela, iidollar ezimbalwana ngemini. Kwaye indoda ingahlala kwityotyombe elincinane. Yabe ilapho inkosikazi yayo, sele ilungele ukufumana omnye umntswana, yabe inezembe elikhulu elibanzi apho, igawula umthi, ukuuwuvisa; ilusana kwenye intsula, lutsala ukhuni nolunye; behlele ukuza kugawula ezo nkuni, ukuya kunkonkxa amaquinube amnyama, bezigcina ekubeni bangantlithwa yndlala ebusika. Bethu, indlela esibe lusizi ngayo ngenxa yayo! UMzalwana Woods nam sehla sathatha ilori, sabuyela emva ngaphaya samcandela iinkuni, sazingenisa. Yena, umfazi ovuya kakhulu omncinane, emi nje apho. Ndamvela usizi. Kwaye sahlala sibathandazela.

<sup>173</sup> Usana lwakhe oluncinane lwahlaselwa kukuxhuzula. Saya saluthandazela olo sana luncinahe, waze uThixo waluphilisa. Kwathi ngenye imini, umyen i wakhe wane-hernia, [Iqhubu elivelu emzimbeni ngenxa yoxinzelelo lwamathumbu—Mguq.] waze wangena...

Ndandithetha naye. Wayetshaya, bobabini yona yayisebenzisa icuba, naye esenza njalo, kananjalo, yinto eqhelekileyo kubantu basezintabeni. Ndaze ndahlala ndithetha nabo malunga nalo. Kuthe izolo kusasa ndaya kungena, malunga nokuqala kwemini, nantso ingena ihamba, ibambe idibanise isandla zayo, yathi, “Mzalwana Billy, ndiyindoda etshintshekileyo.” Yathi, “Nditshaye umdiza wam wokugqibela, kwaye ndingapha kwicala leNkosi.”

Wathi yena, “Nditshaye owam wokugqibela, okwam.”

Owu, tyala imbewu! “Mna yiNkosi enkcenkceshileyo. Ndiyakuyinkcenkceshela imini nobusuku, hleze kubekho oyakuyinyothula ezandleni zaM.”

<sup>174</sup> Owu Thixo, yiba nenceba ngoku, ndiyathandaza, usiphe umnqweno wentliziyo yethu, kuba ezintliziyweni sifuna ukuKukhonza. Ngoku, Bawo, basezandleni zaKho bonke, kuyo yonke indawo. Bangabantwana baKho. Sebenza ngabo ngokwenceba, Nkosi; hayi ngomgwebo, koko ngenceba. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>175</sup> NiyaMthanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngentliziyi yenu yonke! Ngoku, nina nineetshefu, ningazifumana.

Ke ngoku, iinkonzo zethu, ndiyacinga ukuba baqala ngaphambi kwethuba kancinane, ngentsimbi yesixhenxe, okanye into elolo hlobo. UMzalwana Neville uyakukuvakalisa oko, emzuzwini nje, malunga nokuba kuqaliswe nini na.

Ingaba kukho ubhaptizo, ndiyaqikelela, kusasanje, [UMzalwana uNeville uthi, “Amanzi sele elungle.”—Mhl.] Amanzi alungile, ukuba kukho umntu apha ongengakabhaptizwa eGameni leNkosi yethu uYesu Kristu, kuba, anjalo ngenene...amanzi sele elungele inkonzo yobhaptizo.

<sup>176</sup> Siyavuya ngabo bonke abazalwana abangabalungiseleli. Ndibona uMzalwana...Ibinjani inkonzo yakho, iqhube kakuhle, Mzalwana Parnell? NoMzalwana Martin, kunye, owu, abaninzi kangako babo apha, uMzalwana uLee Vayle. Owu, ngabalungiseleli nje kuyo yonke indawo. Siyakuyuyela nje ngenene ukubakho kwenu apha, nidlelane nathi ngeLizwi.

<sup>177</sup> Mhlawumbi nisenokungavumelani nam ngokuchanekileyo kanye kule Nto; andiniceli ukuba nenze njalo, niyabona. Inye into, yinikeni ingqalelo nje loo Nto. Into enindixeleta yona, ndiyakuyinika ingqalelo. Ukuba abalungiseleli bathe bachola eli khasethi, baze bathi, “Ke, andivumelani.” Ilungile loo nto, mzalwana wam. Usenokuba ngumalusi wezimvu ezithile; wena—wena zidlise nokuba yintoni na onqwenela ukuzidlisa yona.

Ndizama ngako konke okwam ukuhlala kanye neLizwi, ukwenzela ezi zibekelwe uThixo ezandleni zam, kuba izimvu zifuna ukudla kwezimvu, kakade. “Izimvu zam ziyaliva iZwi laM.” Kwaye yiloo nto esiphila ngayo, lonke iLizwi eliphuma...Hayi yonke...Hayi nje iLizwi ngoku nangoko; koko lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo, nantso into abangcwela abamelwe kukuphila ngayo.

Masime ngeenyawo zethu ngoku. Ngeli thuba sithoba iintloko zethu...

Ke Mzalwana Neville, unento ofuna ukuyithetha kubo? [UMzalwana Neville uthi, “Hayi.”—Mhl.] Mzalwana Mann? Kulungile.

Wonke umntu uziva kamnandi? Yithini, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”] Kulungile.

Ngoku masithobe iintloko zethu.

Ndizakucela uMzalwana Lee Vayle ukuba enyuke eze apha, okanye angeza. Ukuba ungenyukela ngapha, Mzalwana Vayle, ukuba unako.

UMzalwana Vayle ungumzalwana wethu apha, umbhali weencwadi. Kwaye sele eqqibezela incwadi ngoku, iZigaba eziSixhenxe ZeBandla, kwaye usebenza ngaMatywina aSixhenxe. Kwaye siyakuthemba kwakutshanje ukuba siyakuzifumana kwakutshanje. Kulungile. Mzalwana Lee Vayle, uThixo akusikelele.



*UKristu Utyhilwe ELizwini ElilelaKhe, Umq. 8 Inani 3  
(Christ Is Revealed In His Own Word, Vol. 4 No. 10R)*

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla 22 kuAgasti, ngowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwangungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1999 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)